


INKOKHELO

 Enkosi, Mzalwana uWilliams. Imibuliso, Mzalwana uSalano kunye nomfazi wakhe, kunye nabo bonke abathunywa apha kwesi sidlo esikhulu esindilisekileyo ngobubusuku. Ngenene yinyhweba enkulu ukuba lapha. Bendingxamele le yure kusukela saqalisa le ndlela.

² Kwaye ndi—ndifuna ukubulela ela nenekazi, andikwazi kucinga igama lalo, uBilly usandula kundixelela, ebendinike ibhokisi yelekese zeKrismesi, laze nje lazikhupha lazizisa emotweni kwimizuzu embalwa egqithileyo. Udade, andikwazi kulicinga igama lakhe, usuka apha eCalifornia. Eso yayisisipho sam sokuqala seKrismesi. Ke ndi—ndiyakubulela ngaso.

³ Ngoku, ngobu busuku yi...Ngoku eTucson yimizuzu elishumi emva kweyesithoba, kodwa ndicinga yimizuzu nje elishumi emva kweyesibhozo apha. Ke thina...ngahlobo luthile ndinemvakalelo phakathi kwabantu, ngahlobo luthile ndingontshumayelo ingumtyungampo omde, ke ndi—ndithemba... [IBandla liyancoma—Mhl.] Enkosi. Enjalo i... abantu abalungileyo apha. Ndiyanibulela.

⁴ Kodwa ndi—ndishumayela kancinci, phantse, ngobu busuku, bendiqhubeka ithuba elide ukusuka—ukusuka eShreverport nasekunqumleni ilizwe (ndisiza ngale ndlela) ubusuku emva kobusuku, kwaye ufumane nje okuncinci—okuncinci ukudlikidlwa, uyazi, nengqele, nomqala wakho utshothoze. Ndiqalise eShreveport. Ndilahlekelwe zinwele zam xa ndandi...kwiminyaka embalwa egqithileyo. Kwaye bendinentwana yenwele endiyibekayo xa ndishumayela kumazwe asentla, ukuzigcina ndingafumani ngqele. Ndaya eShreveport ndayilibala, kwaye ndafumana ingqele ngenene. Yona imimoya isiza ngolwahlobo, ngenene akwazi. Yasuswa ngengozi, kwaye ufele lusathambile, kwaye nje ngombilo omncinci ndize ndiyifumane ngenene emqaleni; kuze kufuneka ndiyivale imihlangano emininzi. Ke ndibusitshotwarha ngobu busuku.

⁵ Sifuna ukuthi sibe nexesha elimnandi ekuzeni apha, nangona, emihlanganweni. Kubusuku obugqithileyo sibe nexesha elimnandi phezulu e...kunye nabazalwana, phezulu, kwesinye isiqendu. Kwaye ke sibe nesihlewele esikhulu ngaphandle nokuthontelana okumangalisayo, abantu behloniphe kakhulu belungile. Ke kundenza ndizive kamnandi kakhulu ukuba yinxalenye yaMadoda AngooSomashishini beFull Gospel. Ibe yi... .

⁶ NdinoMyalezo, ndiyaziva, osuka kuThixo. Yinto engaqhelekanga kwabanye abantu. Kwaye andinakuzinceda

ukungabi ngaphezulu...Kufanela nje ndibe koko ndikuko. Kwaye si...andifuni kuba ngowahlukileyo, kungenxa nje yokuba ndi—ndiphila kwixesha eliguqakayo. Thina si... .

⁷ Oko nje nisakha udonga ngendlela ethe tse, kulunge konke, a—ababeki sitena bangehla ngomgca. Kodwa xa kufuneka ujike idolu, kulapho ixesha...Kwaye asakhi ludonga; sakha indlu, niyabona, ke la madolo kufanele eze. Eza ngesigaba sikaMartin Luther, John Wesley, kunye nesigaba sabakwaMoya; lilapha kwakhona. Ke thina...kunjima ukujika amadolo. Kodwa ndinombulelo kakhulu ngo...kuThixo, nangona obungako ubengqwabalala ebebubo, abantu basabele ngamakhulu eepesenti. Ke sinombulelo kakhulu, sibulela kumntu ngamnye kuni.

Kwaye ngoku ngaphambi kokuba sivule iNcwadi, masithethe noMbhali, ukuba ningenza njalo, nje umzuzwana, ngelixa sithobisa iintloko zethu:

⁸ Thixo othandekayo, sinombulelo kuWe ngobu busuku ngenyhweba yokwazi uYesu Kristu (uMsindisi wethu) uNyana Wakho, kuxolelo lwesisalwazi lwezono zethu, nokwazi ukuba iGazi Lakhe lanele elagubungela zonke izono zethu nezikreko zethu. Zicinywe ngenene zaza zabekwa kulwandle lukaThixo lokulibala kwaye uMtshakazi Wakhe uyakuma kwiSidlo soMsitho, engcwele, engakrexezwanga, ukuba atshate uNyana kaThixo. Indlela esiKubulela ngayo ngako oku kwaneleyo—konke nokholo lokwazi ukuba asithembelanga kwizenzo zethu zobulungisa kodwa kwizenzo Zakhe zobulungisa zodwa, ngoko Wasenzela kona. Sinombulelo.

⁹ Enkosi kuWe nge—ngempumelelo ngaba bazalwana abathe babanayo ngaphesheya kweelwandle nezizwe ngaphesheya phaya apho balambele kwaye benxanelwe uThixo. Ndiyathandaza, Nkosi, okokuba bathe babuyela emva kwakhona, okokuba abo bantwana bathe babazisa eBukumkanini bayakuba ngomama-bomakhulu notat'omkhulu babantwana abathe babazisa nabo. Siphe oko, Bawo.

¹⁰ Sisikele sonke ngokuhlangeneyo, ngobu busuku, kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angasinika izinto esinezidingo ngazo. Avale imilomo yethu kwizinto esingafanelanga kuzithetha, aze avule iintliziyi zethu ukuze samkele oko Uyakusixelela kona. Siphe oko, Bawo. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

¹¹ Ngoku masityhile eBhayibhileni kwisiqendwana endingathanda ukuthetha ngaso okwethutyana ngelixa langobubusuku, kwaye sifumaneka ngaphaya kuMarko oNgcwele, isahluko se-10.

¹² Kwaye ndandine...Kwiminyaka embalwa egqithileyo xa ndandiyakuthetha, bendiyaku—bekungafuneki nokuba ndide ndibhale, bendinakho ukuyikhumbula. Kwaye bekungadingeki ndithathe iindondo ukuze ndifunde okuseBhayibhileni.

Kodwa kusukela ndigqithe amashumi amabini anesihlanu ngoku, kabini, kwaye ke ngahlobo luthile kunzima kum ukwe—ukwenza nje ngohlobo endandiqhele ukwenza ngalo. Kwaye kunje ngemoto ephelileyo, kodwa ndisaqhubeka. Uhuh, ndifuna ukuqhubeka ndingcambaza de kube... Ndiye kwinqumba yobugoxo ukuze ndiphinde ndibunjwe kwakhona. Eso sisithembiso.

¹³ ULuka oNgcwele, isahluko se-10, ukuqala kwi... Ndiyakholwa ndithe umqolo wama-21, ukuba ndinokuyifumana yona apha ndaweni ithile. Ndiyaphazama, nguMarko oNgcwele. Ndiyaxolisa.

¹⁴ UMarko oNgcwele, isahluko se-10, kunye nama—namashumi amabini—...kuqale ngomqolo wama-21, ndifuna ukufunda. Masifumane owe-17 umqolo, gxebe:

Akubona ukuba uyaphuma uya endleleni, kweza othile ngokubaleka, wawa ngamadolo kuye, wambuza, esithi, Mfundisi Ulungileyo, ndenze ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?

Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? akukho ulungileyo kodwa mnye kuphela, kwaye lowo nguye, uThixo.

Uyayazi imithetho, Musa ukukrexeza, Musa ukubulala, Musa ukuba, Musa ukungqinela ubuxoki, Musa ukulumkisa, Beka uyihlo nonyoko.

Uphendule ke yena wathi kuye, Mfundisi, zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam.

Uthe ke...Waza uYesu ondele kuye wamthanda, wathi kuye, Kukho nto-nye uyisweleyo: hamba ngendlela yakho, uze uthengise ngeento zonke onazo, uze, uphe amahlwempu, woba nobutyebi ke emazulwini: uze ke, uze uwuthwale umnqamlezo wakho, undilandele.

Wathi ke khunubembe ngelo zwi, wemka ebuhlungu: kuba ebenezinto ezininzi.

Kwaye yanga iNkosi ingasikelela ukufundwa kwiLizwi Layo.

¹⁵ Ngoku, sizakuthetha ngobubusuku kwisifundo. Ndifuna itekisi yam ukuba ibe “Ndilandele,” kwaye isifundo sam: *Inkokhelo*.

¹⁶ Ngoku akuqhelekanga, kodwa ndicingile mhlawumbi, namhlanje ekuthandazeni...Kwaye bekukudala, ngobusuku ngabunye kanye ukuhla ngqo ngomgca kuMyalezo ebendinawo, ethe iNkosi yandinika ukuba ndithethe kuwo. Ndingile ngobubusuku, ngaso esi sahluko sitsha, ndizakusingena ngecala elahlukileyo. Kwaye amaxesha amaninzi sithethile koku, sikubiza, “Indodana Engumlawuli Esisityebi.” Kwaye—

kwaye abaninzi babalungiseleli apha, abazalwana bam, akuthandabuzeki basingene ngeendlela ezahlukeneyo. Kwaye ndifuna ukuzama ukusingena nge—ngendlela eyahlukileyo ngobubusuku kunokuba ndandikhe ndenza, esi se*Nkokhelo*.

¹⁷ Oku, khumbula oku, ukuba ngamnye kuthi, omtsha nomdala, inyathelo lakho lokuqala owakha walithatha ebomini bakho, umntu othile kwafanela akukhokele. Injalo lonto. Kwaye inyathelo lakho lokugqibela oyakuze ulithathabathe, umntu othile uyakukhokhela. Umntu othile kufanele akhokele.

¹⁸ UThixo usifanise neegusha. Kwaye ukuba ubani uyazi malunga nokukhuliswa kweegusha neemvelo zegusha, kutheni, uyazi ukuba igusha ayinakuzifumanela indlela yayo. Kufanele ikhokelwe. Nkqu nasendaweni yokuxhelwa, siyafumanisa ukuba bayayizisa igusha apho kwaye iyakhokelelwa inyuswe yibhokhwe iyise ekuxhelweni. Ibhokhwe iyayinyusa iyikhokele, emva koko xa ifika ekupheleni iyatsiba iphume, ize igusha iye ngqo ekuxhelweni. Ke zona...Siyafumana ukuba igusha ayinakuzifumanela indlela.

¹⁹ Ndiyakhumbula amava endabanawo ngenye yazo, ngelinye ixesha. Ndingunogada karhulumente wamahlathi e-Indiana, kwaye ndandiphumile ndisendle; ndeva into, esona sikhalo silusizi. Kwaye yayi—yayiyimvana encinci, i—ilahlekene nonina. Kwaye yayingenakuzifumanela indlela yokuya kuye, kwaye unina enganakuzifumanela indlela yokuya—yokuya kwimvana. Ndamfunqula umfo omncinci, kwaye indlela awathula ngayo encamathele kum. Ndaqhubeka apho, izandla zam zibambe umfo omncinci. Ukulila, kwaye—kwaye ndamva yena. Indlela awafudumeza intloko yakhe ngokoyamisa kum kwaye kukhangeleka ngathi wazifudumeza esazi ukuba nda—nda—ndandizakumnceda.

²⁰ Ndacinga, “Owu Liwa Laphakade, sikhuselo sam, ndithabathele ezingalweni zeNkosi uYesu, nje waneliseke njengoko ndisazi ndi—ndizakuya eKhaya ukuya kuba kunye nabam abathandekayo.” Ndacinga, “Ekupheleni kwendlela yobomi bam, ndizise nje ezingalweni Zakho, Nkosi, ngolohlobo. Ukuba ndazi okokuba ndiyakuthwalelwa ngaphesheya komlambo ngoko, apho kwelinye icala apho kungasayi kubakho zintsizi nazigulo, zonke izinto, kwaye ndiyakuba nabathandekayo endiye ndabathanda.”

²¹ Kwaye ukuba uyakufunda indalo, kukho okukhulu kwindalo. Yonke into endi—endijonga kuyo, nathe uThixo wayenza, Ungumqambi wendalo. Indalo ihamba ngokuqhubeka. Yonke indalo iqhubeka ngohlobo olunye. Uyaqaphela, yonke into...Njengoko bendikhe ndatsho, ndiyakholwa phezolo, ukuba “Indalo ingqina ngoThixo.” Ukuba zange ubeneBhayibhile, ungaqaphela indalo uze wazi ukuba leBhayibhile iyiNyaniso.

²² Ndi—ndibenenyhweba yokujikeleza ndijikeleze ihlabathi. Kwaye ndifundile izigaba ezininzi, ndibone iinkolo ezahlukeneyo; amaMohamedi, kwaye ndiyifundile iKoran, nda—ndazibona iiSikhs, iiJains, neeMohammedans, kunye namaBuddhists, nako konke. Kodwa noko, ngamnye kuzo, zinenkcubabuchopho kunye ne—ne—ne—nencwadi yeemvumonkolo kunye nencwadi yimithetho, nanjalo njalo. Kodwa iBhayibhile yethu iyiNyaniso, kwaye uThixo wethu ngokuphela kwaKhe olungileyo; kuba nganye kuzo kufanele zikhombe engcwabeni ndaweni ithile apho umseki wabo asalele khona, kodwa ubuKristu bukhomba kwingcwaba elivulekileyo kwaye unokuhlala eBukhloneni baLowo wakhe wabekwa phaya. Uyaphila! AsingoThixo *owayekho*, nguThixo *okhoyo*. Hayi u “*owayekho*” okanye “*oyakubakho*,” kodwa “NDINGUYE.”

²³ Kwaye yonke indalo ihamba ngokuqhubekaka, njengoko benditshilo, ndithetha ngeZigaba zeBandla zethu (esinazo ezincwadini ngoku ezizakuphuma). I . . . Kutheni mna ndi . . . malunga nombhalo wam ngeZigaba zeBandla. Kwaye nendlela esithe sabona iBandla, indlela elikhule ngayo, lenyuka kanye ngqo njengayo yonke indalo isenza.

²⁴ Kwaye sasithetha ngenye imini malunga nendlela ilanga liphuma ngayo ekuseni, lilusana oluncinci, libuthathaka kakhulu, alinamandla aneleyo konke. Kwaye njengoko imini iqhubeka, lifumana amandla, liyomelela. Malunga nentsimbi yesibhozo lingena isikolo, njengenkwenkwe encinci okanye intombi encinci. Kwaye malunga nentsimbi yeshumi elinanye liyaphuma esikolweni, kwaye lilungele eyalo i—inkonzo. Kuze emva koko kunqumle malunga nentsimbi yesithathu liyaguquka, embindini wobomi ukuya kwiminyaka yobudala. Kuze emva koko life emva kwemini. Ingaba sisiphelo selanga? Hayi. Liyabuya lize kwintsasa elandelayo, ukuya kungqina okokuba bukhona ubomi, ukufa, ukungcwatywa, uvuko. Yabona? Yabona?

²⁵ Sibukela imithi, indlela eshukuma ngayo nento eyenzayo. Ngaxesha lithile ndandisezantsi eKentucky, ndiyathanda u—ukuzingela oonomatse, ndaza ndehla ekwindla yonyaka apho ukuya kuzingela oonomatse kunye nomhlobo wam. Kwaye ku . . . kwakome kakhulu.

²⁶ Kwaye nabani owakhe wazingela abangwevu oonomatse, uyazi kunzima kangakanani ukubachwechwela. Xa, a—amagqabi, ekwabaza, kwaye, owu, iHoudini ngumzimeli osafundayo wechule kwa—kwabo bafo, indlela abanokuphuncuka ngayo! Kwaye ukuzama ukudubula iliso kumgama omashumi amahlanu eeyadi, kuthatha ukuzingela okulungele ukufumana isabelo sakho semini.

²⁷ Ke, uMnu. Wood, umhlobo wam, i—iNgqina likaYehova eliguqukileyo, waye enam. Kwaye thina . . . Wathi, “Ndazi ifama

khona apha apho kukho indoda enabaninzi o...” Sibabiza phaya, “oongxolayo.”

²⁸ Bangaphi abaziyo yintoni *ungxolayo*? Kuhle, yindawoni yeKentucky enisuku kuyo, kakade? Yabona? Kwaye kulapho ndisuka khona.

²⁹ Njengalapha kwesinye sezahluko, kungekudala kakhulu; kufanele ndikuxelele oku kuMzalwana uWilliams kunye nabo, nabazalwana. Bathi, “Sizakuma ngoku sicule umhobe—umhobe wesizwe.”

³⁰ Ndaze ndathi, “*Ngokwekhaya elidala laseKentucky*.” Ke akwabakho mntu undincedisayo, ke... Oko yayikukuphela komhobe endandiwazi. Kwaze ke thina—thina ngoku... .

³¹ Kulungile, mhlekazi. [UMzalwana uBranham unikwa iphetshana—Mhl.]: “Nceda yenza umthandazo, ngenenekazi khona apha ngoku liyamongoza.”

Masithandazeni:

³² Thixo othandekayo, Ndiyakucela Wena, Nkosi, Wena u—unguMphilisi omkhulu kwaye ndicela ukuba inceba Yakho nobabalo liyakuchukumisa lona uthandekayo umfazi kanye ngoku kwaye uphelise okwa kopha. Njengabantu abakholwayo abahlangene kunye, inenekazi lize apha ukuza konwabela iLizwi leNkosi nobudlelwane babantu, kwaye ndiyakucela Wena, Nkosi, kanye ngoku, ukuba ukhalimele utshaba uze uphelise igazi. EGameni likaYesu Kristu. Amen. (Kwaye siyayikholwa, siyayikholwa.)

³³ Kulo ibali elincinci nje ngohlobo lokufumana imvakalelo phambi ngokuba sifike ezantsi kwimibhalo embalwa endiyibhalileyo apha, kwaye nezinye zeziBhalo.

³⁴ Ngoku wathi, “Kuhle, le ndoda indala, siyakuya ngaphaya siyekuyibona. Unoongxolayo abaninzi kwindawo yakhe,” wathi, “kodwa ungongakholwayo.” Wathi, “Ukuba... Angasiqalekisa nje ukuba singaya ngaphaya.”

³⁵ Ndathi, “Kodwa asifumani bonomatse apha. Sibe sijikeleza iiveki ezimbini.” Kwaye sibe simdaka, kwaye iindevu konke ebusweni.

³⁶ Kwaye wathi, “Kuhle?”

Ndathi, “Masiyeni ngaphaya.”

³⁷ Ke sahamba iimayile ezimbalwa ukwehla, malunga namashumi amabini eemayile. Bendiselizweni ezantsi phaya kakanye ngaphambili, ubusuku obuthathu, kwibala lokuzikhupha lamaMethodist apho khona kwakukho izinto ezinkulu iNkosi eyazenzayo, kunye nenkonzo enkulu yempiliso phakathi kwabantu bamaMethodist. Saza saya kude ngasemva ngaphaya kwenduli ezithile neentili nemiqolo. Kwaye kufanele uyazi iKentucky ukuze uyazi, yindawo enjani ofanele ungene

kuyo. Kwaye xa sabuyelayo apho safika kwindlu, kwaye nako kuhleli ixhego, amaxhego amabini, ehleli phaya kunye neminqwazi yawo igobele ezantsi phezu kobuso bawo, kwaye—kwaye wathi, “Nanko ke,” wathi, “ongolukhuni.” Wathi, “Ulithiyile elagama lomshumayeli,” watsho.

³⁸ Ke ndathi, “Kuhle, kungcono ndihlale emotweni, okanye asiyi kufumana kuzingela konke konke.” Ndathi, “Hamba uyokumbuza ukuba singazingela.”

³⁹ Ke waphuma waqalisa ukuhamba, wathetha nawo. Kwaye eKentucky, soloko, uyazi, ngu “ngena,” nanjalo njalo. Ke wanyukela phaya waza wathi, “Andazi nokuba singazingela ixeshana kwindawo yakho.”

⁴⁰ Ixhego lihleli phaya, malunga namashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, icuba lisihla ngomlomo, lathi . . . latsica, laza lathi, “Ngubani igama lakho?”

Wathi, “Igama lam nguWood.”

Lathi, “Ingaba kukho kuzalana kwixhego uJim owayehlala . . .”

Wathi, “Ehe, ndiyinkwenkwe kaJim.” Ndathi, “NdinguBanks. Ehe.”

⁴¹ “Kuhle,” wathi, “ixhego uJim wayeyindoda ethembekileyo.” Lathi, “Ngokuqinisekileyo, zincede.” Lena wathi—wathi, “Uhamba wedwa?”

Wathi, “Hayi, umalusi wam uphaya.”

Lathi, “Intoni?”

Wathi, “Umalusi wam uphaya emotweni,” wathi, “uzingela kunye nam.”

⁴² Wathi, “Wood, akuthethi ukuba uhle kakhulu de kufuneke urhuqe umshumayeli ahambe nawe naphina uyakhona?”

⁴³ Ke ungqwabalala, uhlobo oludala, ke ndacinga kungcono ndehle emotweni, uyazi. Ke ndehla ndazula zula, laze lathi, “Kuhle, wena ungumshumayeli, huh?”

⁴⁴ Ndathi, “Ewe, mhlekazi.” Landijonga landihla lindinyuka; igazi loonomatse, nobumdaka. Lathi—lathi . . . Ndathi, “Andikhangeleki njengaye.”

⁴⁵ Lathi, “Kuhle, ngahlobo luthile ndiyakuthanda oko.” Lathi, “Uyazi, ndifuna ukukuxelela into.” Lathi, “Ndifanele ndibe ngongakholwayo!”

⁴⁶ Ndathi, “Ewe, mhlekazi, ndiyakuqonda oko.” Ndathi, “Andicingi yinto engako yokudlisela malunga nayo, inzima. Unjalo?”

⁴⁷ Laza lathi, “Kuhle,” lathi, “Andazi.” Lathi, “Ndizakuxelela endikucingayo ngani bafo.”

Ndathi, “Kulungile.”

48 Lathi, “Nikhonkotha umthi ongenguwo.” Bangaphi abayaziyo ukuba kuthetha ntoni oko? Yabona? Ithethainja exokayo, niyabona; inyamakazi ayikho phezulu phaya konke konke, yabona. Lathi, “Nikhonkotha umthi ongenguwo.”

Ndathi, “Olo luluvo lwakho.”

49 Laze lathi, “Kuhle,” lathi, “jonga, uyayibona itshimini ime phezulu phaya?”

“Ewe.”

50 “Ndazalelwa phezulu phaya, amashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka eyadlulayo.” Lathi, “ndihleli kanye apha kwezi nduli, konke jikelele, yonke le minyaka.” Laze lathi, “Ndiyongezibhakabhakeni, ndiyonga apha naphaya, kwaye, ngokuqinisekileyo, kuyo yonke leminyaka imashumi asixhenxe anesihlanu, ngendayibonayo into efana noThixo. Akucinganga njalo?”

51 Ndathi, “Kulungile, kuxhomekeke koko ujonge kuko, yabona, okanye okhangela kona.”

52 Laza lathi, “Kuhle,” lathi, “A—andikholelwa ngokuqinisekileyo ukuba kukho isidalwa esinjalo. Kwaye ndiyakholelwa ukuba nina bafo niphuma nje niyekuqhatha abantu ngemali yabo nento yonke. Kwaye yindlela ehamba ngayo.”

53 Ndathi, “Kuhle, ungumhlali waseMerika, unelungelo kokwakho—kwakho ukucinga.”

54 Lathi, “Kukho umfo, ngelinye ixesha, endakhe ndeva ngaye,” lathi, “oko ngokuqinisekileyo ndiya... Ukuba u... Ukuba ndikhange nje ndifikelele ekuthetheni nala mfo,” lathi “ndingathanda u—ukumbuza imibuzo embalwa.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

55 Lathi, “Yayingumshumayeli, mhlawumbi ungamazi.” Lathi, “Wayenomhlangano phezulu apha eCampbellsville, kungekudala, kumhlaba wecawa phaya, ibala lokuzikhupha.” Laza lathi, “Ndilibele igama lakhe.” Lathi, “Usuka e-Indiana.”

Ndaza nda—ndathi, “Owu? Ewe, mhlekazi.”

56 Waza uMzalwana uWood waqalisa ukuthi, “Kulungile, ndi... ” (“Sukuyitsho lonto.”) Laza lathi ke... .

Ndathi, “Malunga nantoni naye?”

57 Lathi, “Kulungile,” lathi, “ixhegwazana...” (umntu othile) “phezulu phaya endulini...” Lathi, “Uyazi, lalisifa ngumhlaza.” Laza lathi, “Umfazi nam besiyakuya phezulu phaya ngentsasa u—ukuya kulungisa ibhedi yakhe.” Lathi, “Bebengakwazi nokumvusa bamphakamisele phezulu ngokwaneleyo ukuba bambeke etshembeni,” lathi, “kwakufuneka nje batsala ishiti.” Lathi, “Lalisifa. Lalikhe laba seLouisville, lathi oogqirha babemncamile bathi ‘lalizakufa.’”

58 “Kwaye udade walo wenyuka waya kulamhlangano, laza lathi, ‘La mshumayeli wayeme phaya phezulu eqongeni, ejonge ngemva ngaphaya kwesihlwele waza wabiza lomfazi ngegama lakhe, wamxelela, “Xa wemkayo, wathatha itshefu wayibeka phezu kwespaji sakhe—sakhe.” Waza wabiza igama lalo mfazi ezantsi apha, iimayile ezingamashumi amabini ezantsi apha, watsho indlela abulaleka ngayo ngumhlaza, igama lakhe, nako konke angene kuko; wathi, “Thatha latshefu uyokuyibeka kumfazi,” waza wathi “umfazi uyakuphiliswa kumhlaza wakhe.””

59 Wathi, “Behla beza apha ngoba busuku.” Wathi, “Inene, ndeva esibi isikhalo phezulu phaya. Ndacinga babevulele iSalvation Army phezulu endulini ngentla phaya. Lathi, ‘Kulungile,’ Ndathi, ‘Ndicinga ukuba ixhegwazana lifile.’ Wathi, ‘Siya . . . Ngomso siyakuya sithathe inqwelo, kwaye indlela esimthatha ngayo simse endleleni enkulu,’ laza lathi, ‘ke babenokumsa kumngcwabi.’ Laza latsho ukuba . . . Salinda. Akukho sidingo sokunyuka uye phaya ngela xesha lobusuku.” Lathi, “Kumalunga amayile ukunyuka endulini apha.” Lathi, “Sanyukela phaya ngentsasa elandelayo, kwaye uyazi okwenzekayo?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

60 Lathi, “Lalihleli phaya esitya eziqhotsiweyo iipayi ze-apile, esela nekofu, kunye nomyeni walo.”

Ndathi, “Ubhekisele koko?”

Lathi, “Ewe, mhlekazi.”

“Owu!” Ndatsho. “Ngoku, mnumzana, ngenene akubhekiselelanga koko.”

61 Lathi, “Okundikhathazayo koko . . . indlela la ndoda, kwaye zange yaba kweli phandle, ikwazi oko.” Yabona?

Kwaye ndathi, “Owu, akukukholelwa oko.”

Lathi, “Yinyaniso leyo.”

Ndathi, “Uyayikholelwa lonto?” Yabona?

62 La—lathi, “Kuhle, nyukela phaya endulini, ndingakuqinisekiselela.” Lishumayela kum ngoku, uyabona.

63 Ke nda—ndathi, “Um-um.” Ndachola i-apile, nda—ndathi, “Ndingathatha elinye lalama-apile?” Ndaza ndahlilikhla empahleni yam.

64 Lathi, “Kuhle, onomanxhezane bayawatya, ndicinga ungalithatha.” Nabo . . . Ndaza ngoku ndathi, “Kuhle, . . .” Nd—ndaluma . . . intwana kulo, ndaza ndathi, “Li-apile elimnandi.”

65 Wathi, “Owu, ewe.” Lathi, “Uyazi yintoni? Ndatyala lamthi phaya, owu, amashumi amane eminyaka eyadlulayo, okanye into ethile enjalo.”

Ndathi, “Owu, injalo lonto?”

“Ewe, mhlekazi.”

⁶⁶ Ndaza ndathi, “Kuhle, kwaye qho ngonyaka . . .” Ndathi, “Ndiqaphele khangе sibe naqabaka, kusephambi kwexesha ku-Agasti.” Ndaza ndathi, “Wona amagqabi ayawa emthini.”

⁶⁷ “Ewe, mhlekazi. Injalo lonto, iza ekwindla. Kholelwa siyakuba nephambi kwexesha kweli tyeli.”

⁶⁸ Ndathi, “Ewe, mhlekazi.” Ndaguqula umxholo, yabona. Laza lathi . . . Ndathi, “Kuhle, uyazi, akuqhelekanga,” ndathi, “indlela la ncindi ephuma ngayo kulamthi.” Ndathi, “Nawo amagqabi awe, kodwa noko akukho . . . aku—akukhange kubekho qabaka yokubulala igqabi.”

⁶⁹ Laza lathi, “Kulungile,” lathi, “yintoni okuya okunayo malunga nesithetha ngako?”

⁷⁰ Ndaza ndathi, “Kuhle, ndi—ndiyamangaliswa.” (Uyazi, umama wasoloko esithi, “Nika inkomo intambo eyaneleyo iyakuzixhoma, uyazi.” Ke ndalinika intambo eyaneleyo.)

⁷¹ Ke waphuma, waza wathi, “Kuhle, ewe, oko kunanto nantoni nokwenza nayo?”

⁷² Ndathi, “Uyazi, uThixo uzisa wona ama-apile, kwaye uyawonwabela loo ma-apile namagqabi, kwaye uhlale ku—kumthunzi nanjalo njalo. Iyehla kukwindla lonyaka ize,” ndathi, “ibuye inyuke kwakhona kunye nama-apile kunye namagqabi kwakhona.”

⁷³ Kwaye wathi, “Owu, oko yindalo nje. Yabona, oko yindalo nje.”

⁷⁴ Ndathi, “Kuhle, kakade, oko yindalo.” Ndathi, “Oko yindalo, kodwa Umntu othile kufanele alawule indalo.” Yabona, nda . . . lathi . . . “Ndixelele ngoku yintoni ekwenzayo oko?”

⁷⁵ Laza lathi, “Kulungile, nje— nje iyindalo yendalo.”

⁷⁶ Ndathi, “Ngubani othe kwelagqabi lincinci ngoku, laza i . . . ?” Ndathi, “Ngoku, isizathu sokuba elagqabi liwe, kungokuba incindi ihleli ezingcanjini. Kwaye kungathini ukuba la ngcambu ingahlala phezulu emthini ixesha lonke lobusika? Kuyakwenzeka ntoni?”

⁷⁷ Lathi, “Iyakubulala umthi.”

⁷⁸ “Kuhle,” Ndathi, “ngoku, bubukrelekrele obutheni obuhlisa incindi iye ezingcanjini, ithi, ‘Suka apho ngoku, kuza ikwindla yonyaka, yehlela ezingcanjini uzimele?’ Uze uhlale ezingcanjini njengengwaba; kwaye kwintwasahlobo elandelayo ibuye inyuke kwakhona, izise ama-apile amaninzi, kwaye inyuse amagqabi amaninzi nezinto.”

⁷⁹ Lathi, “Leyo yindalo nje, iyakuyenza.” Ndathi, “Imo-yezulu! Ukuguquka, uyazi, ukuza kwekwindla.”

80 Ndathi, “Beka ibhakethi lamanzi epalini phandle phaya, uze ubone ukuba indalo iyakulehlisela ezantsi ngepali ize iphinde ilibuyise kwakhona. Yabona?” Yabona?

“Kuhle,” latsho, “ungabe unento.”

Ndathi, “Yicinge ngelixa ndisiya kuzingela.”

Laze lathi, “Kulungile,” laze lathi, “zingela apho ufuna khona.”

81 Ndaza ndathi, “Xa ndibuya, ukuba uyakundixelela bobuphi ubukrelekrele obuhlisela lancindi iphume kulamthi ukuhla ukuya ezingcanjini, ukuya kuhlala phaya bonke ubusika ize ibuye kubusika obuzayo, ndizakuxelela ukuba bubuKrelekrele obunye obundixelele malunga nalamfazi phezulu phaya.”

Lathi, “Oxelele wena?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Lathi, “Akunguye lamshumayeli!”

Ndathi, “Ungamazi igama lakhe?”

Lathi, “Ewe.”

Ndathi, “Branham?”

Lathi, “Nguye lowo.”

Ndathi, “Oko—oko kulungile.” Yabona?

82 Kwaye uyazi yintoni? Ndalikhokelela kuKristu ixhego, kanye phaya kubungqina balo.

83 Kunyaka kamva ndandisezantsi phaya ndamisa imoto (inombolo yase-Indiana kuyo) eyadini. Babemkile, wayeswelekile. Kwaye ke xa ndabuyelayo, kwakumi umfazi walo ukuba andirhugule ngenene; ndacinga ndandinemvume yokuzingela. Waza waphuma phaya, wathi, “Akukwazi kufunda?”

84 Ndathi, “Ewe, mama.”

Wathi, “Ungaba uwabonile laa maphawo athi ‘Akuzingelwa!’?”

85 Ndathi, “Ewe, mama, kodwa,” ndathi, “be—bendinemvume.”

86 “Akunamvume!” watsho. Kwaye wathi, “Sifumene le ndawo—ndawo ibekwe iminyaka.”

87 Ndathi, “Kulungile, dade, a—andilungisanga ngoko, ndiyaxolisa.”

88 Waza wathi, “Uxolo olungekhoyo! Zona ilayisenisi zase-Indiana khona phaya, nize nihlale apha, ningabona bakhukhumeleyo abantu!”

Ndathi, “Ndingacacisa nje?” Ndathi . . .

Yena, “Ngubani okunike imvume?”

⁸⁹ Ndathi, “Andazi nje...” Ndathi, “yayilixhego lalihleli phandle phaya esangweni, xa ndandisezantsi apha kunyaka ophelileyo, kwaye sasithetha ngoThixo.” Yabona?

Waza wajonga, wathi, “Ingaba unguMzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ewe, mama.”

⁹⁰ Wathi, “Ndixolele. Andazanga ukuba ungubani.” Wathi, “Ndifuna ukukuxelela ubungqina balo. Iyure zalo zokugqibela zokufa, laphakamisa izandla zalo ladumisa uThixo.” Wathi, “Lafela enkolweni yobuKristu, kwaye wathwalwa wasiwa kuThixo.” Yabona?

⁹¹ “Ukuba bathe cwaka, amatye ayakunkqangaza ngoko nangoko.” Kukho into ethile kwindalo.

⁹² Qaphela iintaka, qaphela izilwanyana, qaphela yonke into, kwaye uqaphela indalo.

⁹³ Qaphela ihobe elincinci indlela elibhabha ngalo. Indlela eliyintaka eyahlukileyo eliyiyo, yabona. Lona—lona alinanyongo, alinakutya njengonomnyayi enokwenza. Yabona? Alinanyongo kulo. Akudingeki ukuba lihlambe kuwo a—kuwo amanzi, ngokuba linetho kulo ngaphakathi; iyalicoca ukusukela ngaphakathi, uyabona.

⁹⁴ Yindlela umKristu ayiyo. Yindlela uThixo awazibonakalisa ngayo Yena, kulo i—kulo i—ihobe. Yabona, ngokuba... kwaye i...uYesu wabonakaliswa njengeMvu. Uyakusoloko umfumana uThixo endalweni. Kwaye uThixo usifanise neegusha ekufanelwe zikhokelwe. Wakhe waqwalasela phaya, ndashumayela intshumayelo kuyo kwixesha elithile eligqithileyo? Okokuba iHobe lisihlela kwiMvana, ukuze liyikhokele iMvana, kwaye Layikhokelela Yona ekuxhelweni. I—i—Hobe! Ngoku, ukuba iMvana... Ela Hobe lalingenakwehlela nakoluphi olunye uhlobo lwesilwanyana, ngokuba zombini kwakufanele zibe zezemvelo enye. Yabona? Ukuba iHobe lalinokuthi chakatha phezu kwengcuka, yayinokuvungama okanye igragrama, iHobe lalinokubhabha Limke.

⁹⁵ Kuhle, leyo yindlela ekwanye ngoku. Kwaye indlela zethu ezikruqulayo, uMoya oyiNgcwele usuka nje Umke uye kude. Kufanele ukuba ibe nesimilo esikwasinye. Intaka yamaZulu, ihobe; esona silulamileyo isilwanyana emhlabeni, imvana; zinakho ukuvumelana. Kwaye xa uMoya oyiNgcwele usihlela phezu kwethu uze usenze izidalwa ezitsha, emva koko unako ukusikhokela. Kodwa sizama ukuphila ngendlela endala, ayisokuze isebenze! Ayisokuze nje isebenze.

⁹⁶ Ngoku, inyathelo lokuqala onoba wakhe walithatha ebomini bakho, ukuthetha ngenkokhelo, inokuba mhlawumbi zizandla zolungileyo omdala *umama*. Zona ezandla zingaba zithe cwaka ngobubusuku, phandle apha kumangcwaba ndaweni ithile,

kodwa ezo yayizizandla ezakubamba ukuba wenze inyathelo lakho lokuqala.

⁹⁷ Emva koko umama wakufundisa indlela yokuhamba, kwaye wenze amanyathelo ambalwa uze uwe phantsi, uvuke, kwaye ucinge ukuba wenza izinto ezintle kakhulu, emva koko wakunikezela *kutitshala wesikolo*. Waze emva koko waqalisa ukukukhokelela emfundweni; ngendlela yokwenza nomawukwenze, nendlela yokufunda, kunye—kunye nanjalo njalo ngolo hlobo.

⁹⁸ Emva kokuba utitshala wesikolo egqibile ngawe, emva koko ubuyela, *uyihlo* uyakufumana, emva koko xa uyihlo ekufumene, ukufundisa mhlawumbi ishishini lakho; indlela yokuba ngusomashishini ophumeleleyo, indlela yokwenza izinto kakuhle. Umama wakho wakufundisa indlela yokuba ngu—ngumama wekhaya, indlela yokupheka, nanjalo njalo ngolo hlobo.

⁹⁹ Kuze emva koko bayagqiba ngawe, emva koko *umlungiseleli* wakho okanye *umpristi* akufumane.

¹⁰⁰ Kodwa *ngoku* ngubani okukhokelayo? Lowo ngumbuzo ngoku. Ngoku, sikhokelwa yinto ethile ngobubusuku. Kufanele sibe njalo. Siyakhokelwa. Qaphela!

¹⁰¹ Ngoku masijonge kweyalomfo mncinci i... yintoni eyamphembelelayo. Masijonge kwi...lendoda ingusomashishini omtsha sinokumbiza njalo, ngoba wayengusomashishini. Wayeyindoda enempumelelo. Masijonge kubakhokeli bayo.

¹⁰² Mhlawumbi, kuqala, unina wamfundisa njengenkwenkwe encinci izinto ekufanele azenze. Uyise wamenza wanenjalo impumelelo, kwaye mhlawumbi wamshiya ne—wamshiya nelifa, ngokuba wayengumlawuli ngokwakhe; mhlawumbi uyise wayengasekho, ke waye engu—engusomashishini. Waye engu...Masimbize, namhlanje, njengendoda yomKristu engusomashishini; okanye, wayeyindoda enenkolo engusomashishini, ndicinga iyakuba kukucaphula okungecono.

¹⁰³ Le ndoda yayiyenkolo, wayengenguye kwaphela yokakholwayo. Kwaye wayefundisiwe ngunina indlela yengenza lungileyo, indlela yokuhamba, indlela yokuzinxibisa. Wayefundisiwe nguyise, ishishini elikhulu, nendlela yokuba yindoda enempumelelo; kwaye ishishini lakhe lalinempumelelo. Kwaye uyise nonina bakhulela ecaweni, kwaye bamolathisa kumbingeleli. Kwaye umbingeleli wamemza indoda enenkolo ngenene. Ngoko ke wayeyindoda elungileyo echubekileyo, wayeyinkwenkwe elungileyo nesimilo esilungileyo.

¹⁰⁴ Ukuba uYesu Kristu ujongwa kuye waza wamthanda, kwakukho into ethile malunga nenkwenkwe eyayi yeyenene. Kunjalo. Kuba iBhayibhile yathi apha, siyafumanisa kuMarko, “Waza uYesu emkhangele, wamthanda.” Ehe, “UYesu

emkhangele, wamthanda.” Ke ngoko ke kufanele kukho into ethile eyayi yeyenene egqwesileyo malunga nalomfo mtsha. Waye eyi...enesimilo esilungileyo, kunye nesimilo esihle sodidi. Wayeyindoda ekhuliswe kakuhle; ehlakaniphile, elichule, ekrelekrele, ephumelele ekushishineni, kwaye eyindoda enenkolo. Wayenezininzi izimilo ezilungileyo ezazigqwesile, kangangokuba oko kwatsala umdla kaYesu Kristu uMsindisi. Kodwa xa wagqalwayo, ekubeni engophumeleleyo kuzo zonke ezinye izinto...

¹⁰⁵ Akukho nto yahamba ngokungafanelekanga; wasikwa kakuhle ngqo, walungelelaniswa kakuhle, ekrelekrele, imfundo elungileyo, impumelelo yakhe, wayelichule, olungileyo usomashishini, mhlawumbi engoweqela lobudlelwana bamadoda angosomashishini ndaweni ithile ePalestina. Wayenokuba ungowobudlelwana bamadoda angosomashishini njengoko sinawo ekuhlweni nje, akukho mathandabuzo wayenjalo, ngokuba amadoda angosomashishini asoloko enobudlelwane, omnye nomye.

¹⁰⁶ Ngoba njengee “ntaka zoboya,” banezinto zokuthetha ngazo. Kwaye ukuba lena...Abantu benkolo, abafuni kuthetha ngendoda eqhuba ibharha kunye ne...bonke kubo ngokuhlangeneyo, kuba abananto yakwenza ehlangeneyo. Kufanele sibe nezinto ezifanayo. Ke amaKristu anezinto ezifanayo kunye namaKristu; aboni anezinto ezifanayo kunye—kunye naboni; kwaye—kwaye abahlali, kunye nento yonke abayiyo, banezinto ezifanayo. Kwaye lo mfo usemtsha mhlawumbi wayengowo—wobudlelwana bamadoda angosomashishini.

¹⁰⁷ Kwaye wayengonenkolo njengoko wayenakho, ngokuba uYesu wambuza apha, wathi, “Ndayigcina le mithetho, ndayithobela yona ukusukela ebutsheni.” Injalo lonto.

¹⁰⁸ Yabona, wayekhuliswe kakuhle, wafundiswa kakuhle, nayo yonke into. Kodwa xa wajamelana ne—nengcinga yoBomi obuNgunaphakade...Ngoku ndifuna niqaphele, ngazo zonke ezi zimilo wayenazo, wayesazi ukuba wayengenabo uBomi obunguNaphakade.

¹⁰⁹ Ngoku, konke okwethu kwasekuhlaleni, icawa yethu, ubulungu bethu nezinto esizithatha njengezibalulekileyo, ubuhlali bethu baseMelika, nento yonke, ilunge kakhulu, akukho nto inokutshiwo ngokuchasene nalonto. Kwaye umbutho wethu wangamaKristu aMadoda angooSomashishini apha, liyinto enkulu, libe lingumnyango ovuliweyo kum ukuba ndi...kwingcinga zam zokungabi ngowehlelo zokuba “singamaKristu.”

¹¹⁰ Akukho namnye (akukho nalinye ihlelo) elinokusibanga, umKristu wenene, ngokuba ungokaThixo. Amahlelo enziwe ngabantu, kwaye ubuKristu bobuthunyelwe busuka eZulwini.

Kodwa kuzo zonke ezi zinto esinazo, zilungile zinjalo, kukuhle kunjalo njengoko sihlangana, kwaye njengoko mihle imihlangano esibanayo, nokuqondana ngokwasekuhlaleni esinako, noko sonke sijamelana *noBomi obunguNaphakade*. Kwaye akukhathaliseki siphumelele kangakanani kushishino, siphumelele kangakanani, nokuba singamakhulu kangakanani amalungu ecawa, nendlela esisebenza ngayo, nendlela esizama ukwenza ngayo izinto lungileyo, noko, ukuba akwenzekanga ngendlela eyiyo, kukunqula uThixo ngelize.

111 UYesu wakufanisa oko ngendlela enye, njengoko ndisima apha umzuzwana. Wathi, “NiNdingula ngelize, nifundisa imfundiso imigaqo yabantu.” Ngoku cinga! Olunyanisekileyo, oluthembekileyo unqulo (ngokunyaniseka kwentliziyo yakho) kuThixo, kodwa noko kube selizeni! Yaqalisa ngala ndlela noKayin, emyezweni wase-Eden. Unqulo olunyanisekileyo, kodwa laliwa! Olunenkolo kakhulu, noko laliwa!

112 EShreveport kwiveki ephelileyo, iveki engaphaya kwephelileyo, kwintlangano yaMadoda angooSomashishini, isidlo sakusasa phaya apho amakhulu amaninzi abantu babehlangene, ndathatha iyure ezimbini ezinesiqingatha ndithetha: *UKwenzela uThixo Inkonzo Kungaqhange Kube Yintando kaThixo*. Ngoku, oko kuvakala ngokungaqhelekanga, kodwa kufanele sizilungelelanise kwindlela enikezwe nguThixo nendlela kaThixo yokwenza. Akukhathaliseki kukangakanani esicinga ukuba kulungile, kufanele kube ngokweLizwi likaThixo okanye kukulize. UKayin wanqula, kodwa kwakungekho ngokweLizwi likaThixo. AbaFarisi banqula, kodwa hayi ngokweLizwi likaThixo. Kwaye kulomyalezo ncakasane obhekiselele kuMadoda angooSomashishini, ndikufundisile oku.

113 UDavide, wayefuna ukwenzela iNkosi inkonzo, kwaye wayelungisile koko wakatshoyo. Wathi, “Ingaba kulungile ukuba ityeya yeNkosi ibe sezantsi phaya? Masiyinyuseni.” Ngeentsuku zokumkani, omnye ukumkani owangena endaweni yakhe. Wathi, “Akulungile. Abazange babuze iNkosi ngetyeya, kodwa kufanele siyenze.” Ngoku, oko kulungile, okwakufanele bakwenzile. Wathi, “Kufanele siye kuyithabatha ityeya, kwaye singabuzisa kwiNkosi.” Kwaye oko kulungile, izezantsi kwelinye ilizwe. Wathi, “Kufanele siyinyuse ize apha. Siyinyuse ize apha size siyibeke endlwini yethu apha, size sinqule iNkosi.”

114 Ngoku qaphela waya ngendlela engalunganga uyokuyenza. Wabuzisa abaphathi abathetheli bamashumi amahlanu namakhulu namawaka. Bonke babuzwa, bonke ngabanye. Ukubona ukuba yayiyintando yeNkosi, ikhangeleka njalo, okanye yayili—iLizwi leNkosi.

115 ILizwi leNkosi, ngamanye amaxesha, kufanele uLibeke kwindawo Yalo eyiyo okanye asiyiyo iNtando yeNkosi. Yabona?

Ngoku yenza oko kufunxekele ezantsi kwaye uyakufumana u—
ukuqonda okubanzi koko ndizama ukukutsho.

116 Andifuni ibandla liwele kumanyathelo othe wawafumana ngaphaya eNgilane: iinwele ezinde, namadoda anobuso obuqatyiveyo, nogqwetheko. Asikufuni oko! Akukhathaliseki nokuba ivakala ngokholo olunjani, nokuba bangacula kangakanani oo-Elvis Presley ingoma zenkolo, usengumtyholi. Kwaye andingomgwebi, kodwa “Ngeziqhamo zabo niyabazi.” Yabona? UngowakwaMoya, kodwa oko akwenzi nomncinci umahluko. Yabona, iziqhamo zakho ziyangqina oko ukuko.

117 Akukhathaliseki nokuba uMoya uza phezu kwakhe, unokuthetha iilwimi, unokukhwaza, unokuphilisa abagulayo, kwaye uYesu wathi, “Abaninzi babo bayakuza kuM ngaloo mini, bathi, ‘Nkosi, andenzanga *oku nokuya?*’ Kwaye Ndiyakuthi, ‘Mkani kuM, nina nenza ngokuchasileyo, Andizange ndanazi.’” Yabona?

118 Kufanele sinyaniseke, amaKristu enene, kwaye kuphela kwendlela esinokwenza oko kukujamelana nalo mbuzo apha wo “Bomi obunguNaphakade.”

119 Kukho kuphela obunye uBomi obunguNaphakade, kwaye obo buphuma kuThixo. Kwaye Wasibekela kwangenxa engaphambili sonke isidalwa esiyakuba naBo. Njengawe oyimfuzo kuyihlo, wawuyimfuza kuThixo; enye yezibonakaliso Zakhe indawo yokuqala, okanye akusokuze ube Phaya. Usuka kumondlalo wokuqandusela kamama wakho, uyihlo wayengakwazi, wawusesinqeni sakhe. Kwaye xa wavelayo kumondlalo wokuqandusela kamama, ngoko waba ngumntu kwaye wenziwe kumfanekiselo kayihlo, ngoku unokudlelana naye. Kwaye into ekwanye ngoThixo, ukuba unoBomi obunguNaphakade.

120 Ubomi oza kubo, ubomi basendalweni, ubomi benyama, babungokukayihlo. Kwaye kuphela kwendlela onokuza uzalwe ngokutsha kwakhona, kuphela kwendlela, yona kufanele ibe ngokukaYihlo waseZulwini, izibonakaliso Zakhe. “Bonke uBawo andinike bona Mna bayakuza Kum.” Yabona?

121 Ulapha ngokuba igama lakho labekwa kwiNcwadi yoBomi beMvana phambi kokuba kubekho kwasiseko sehlabathi. Oko kunjalo ngenene. Uyimfuza, imfuzo ngokomoya kaYihlo waseZulwini, inxalenye yeLizwi likaThixo. Oko kunjalo, njengoko ndatshoyo, ngoko wawukunye noYesu xa Wayelapha ngoba WayeliLizwi: wava ubunzima kunye Naye, wafa kunye Naye, wangewatywa kunye Naye, kwaye wavuka kunye Naye, kwaye ngoku uhleli kweziseMazulwini iindawo *kuYe!*

122 Qaphela, uDavide wacinga yonke into yayilungile, kwaye wabuzisa bonke abantu, kwaye bonke baqalisa ukuxhentsa bakhwaza bangxola. Babenayo yonke imizwa yenkolo eyayikho, kodwa noko yayingeyontando kaThixo yokuba

bahle bayokuthatha iLizwi likaThixo balizise endlini kaThixo. Kodwa, uyabona, uThixo usoloko (kuzo zonke izigaba) esebenza ngendlela enye. Isigqibo Sakhe sokuqala kukuphela kwesigqibo Sakhe, ngokuba UGqibelele kwizigqibo Zakhe. Akazange enze into ngaphandleni kokuyityhila kuqala kubakhonzi Bakhe, abaprofeti. Injalo ngqo.

¹²³ Yilonto esi, isigaba sebandla esiphila kuso, akukho bandla, akukho Wisile, Bhaptizi, bakwaMoya, okanye nanye into engenye, enokubeka eliBandla kuMtshakazi. Kuyakufuneka kube kukuphendula kukaMalaki 4, ngoThixo athumele umprofeti atyhilwe, ngoba leyo kuphela kwendlela. Amabandla ethu aba lihlelo aze alahlele into kwimbutyulelo nentlaninge, nje ngendlela ababesoloko beyiyo, kwaye uThixo usoloko ethumela abaprofeti.

¹²⁴ Kwaye kakukho uNathan emile emhlabeni, umprofeti ongqinelweyo phambi koThixo, kwaye zange abuzwe nokubuzwa.

¹²⁵ Kwaye behlela phaya kwathabatha ubomi bomntu omsulwa, nanjalo njalo, kwathathwa ityeya. Endaweni yokubeka emagxeni abaLevi, bayithwale, bayibeka enqweleni ukuyithatha. Konke inyophekile!

¹²⁶ Uyabona, ukuba akuhambi ngokwe—kwentando kaThixo, kwaye nendlela athe uThixo asinike sihambe ngayo, basoloko beLonakalisa baze baLisuse balenze umbutho, nehlelo, umyalezo othile, kwaye nako apho baya khona. Yabona? Yasoloko isenziwa ngalandlela.

¹²⁷ Leyo yindlela ekwanye eyathi le nkwenkwe yajamelana nayo. Iyangena; waye eli—i—ilungu laba mhlawumbi abaFarisi okanye abaSadusi, okanye uluhlu oluthile olukhulu lwaloo mhla. Wayengonkolo njengokuba wayenokuba nakho. Wathi, “Ndayigcina le mithetho endayifundiswayo, ukusukela ebutsheni.” Yabona? Kwaye uYesu wamthanda ngalonto. Kodwa wala ukukhokelwa, wala ukwamkela olona khokelo lukaYesu lokumnika uBomi obunguNaphakade.

¹²⁸ Qaphela, wayekholwa kwakukho into eyahlukileyo kunoko wayenako, okanye wayengenakho ukutsho, “Mfunndisi ulungileyo, ndenze ntoni ngoku?”

¹²⁹ Yabona, wayefuna ukwenza into ngokwakhe. Leyo yindlela esenza ngayo, sifuna ukwenza into ngokwethu. ISipho sikaThixo sisipho esisimahla. UThixo uyakunika Sona, akho kwanto oyenzayo ukufumana Sona. WaSimiselwa wena, kwaye uzakubanaso Sona. Yabona?

¹³⁰ Qaphela, wayesazi Sasiphaya. Wayekhokelwa kuSo kwaye wayeSifuna. Kodwa xa wajamelana nendlela ekufuneka enze ngayo, kwakwahlukile kwisithethe sakhe. Kwakwahlukile. Wayenokugcina imali yakhe aze abe ngowecawa awayengowayo, nanjalo njalo. Kodwa uYesu wakwazi oko, kwaye wakwazi

ukuba wayetshele kule mali, kwaye Wathi, “Hamba uthengise konke onako, uze wabele amahlwempu. Uze, uthabathe umnqamlezo wakho uNdilandele, kwaye uyakuba nobutyebi eZulwini.” Kodwa wayengenakho ukuyenza.

¹³¹ Abanye abakhokeli awayekhe wanabo kwimihla yakhe yobutsha, baba nenjalo impembelelo kuye de wala ukwamkela iNdlela enikezwe nguThixo, eyayinguYesu Kristu; okuphela Kwakhe onoBomi obunguNaphakade, okuphela Kwakhe onokukunika Bona. Hayi icawa ingakunika uBomi obunguNaphakade; hayi ummelwane wakhe; hayi umalusi wakho; hayi umpristi wakho; hayi invumo nkolo yakho; kuphela nguYesu Kristu Ngokwakhe onokunika uBomi obunguNaphakade. Yena uyi . . .

¹³² Akukhathaliseki nokuba ulunge kangakanani, yintoni oiyekileyo ukuyenza, yintoni oqala ukuyenza, kufanele wamkele uMntu weNkosi uYesu Kristu. Kwaye xa usenza oko, Yena liLizwi, kwaye uBomi bakho bulungelelana ngqo eLizwini kwaye Libonakalisa Lona kwesi sigaba ophila kuso.

¹³³ UNowa kwafanela enze oko ukuze iLizwi libonakalaliswe kwisigaba sakhe. Ngoku, kunokuthini ukuba uMoses weza, wathi, “Siyazi oko uNowa wakwenzayo, siyakuthatha ilizwi likaNowa. Siyakwenza kanye ngqo ngendlela uNowa wenzayo. Siyakwaka u—umkhombe sidade sihle ngoMlambo iNile, siphume eYiphutha”? Kutheni, yayingenakusebenza. Yabona, oko kwakukokwesinye isigaba.

¹³⁴ UYesu wayengenakuza nomyalezo kaMoses; uLuther wayengenakuza nomyalezo weKatolika; uWesley wayengenakuza nomyalezo kaLuther; iPentecoste yayingenakuza nomyalezo wesigaba sikaWesley. Kwaye uMtshakazi awunakwenziwa kubuhlelo bakwaMoya, ayinakho nje ukwenzeka. Kwaye injalo ngqo. Uggqibile ukuzenza umbutho waza waphuma apha, kwaye nanko ehleli phaya, nje kanye njengabanye. Likhasi. Nje kanye ngobomi buphuma nge . . . Yabona?

¹³⁵ La mbhali, njengoko bendithetha ngobunye ubusuku, lambhali owabhala le ncwadi. . . Kwaye hayi ngoba wandigxeka kakubi kakhulu, wathi ndandingu “mtyholi, ukuba kwakhe kwakho into enjalo.” Ke wathi wayengakholelwa kuThixo. Wathi, “UThixo onokusonga izandla Zakhe aze ahlale abukele bona abafela inkolo, ngazo izigaba zeminyaka yangaphambili, aze abange ukuba namandla okuvula uLwandle oluBomvu, aze enze bona abafazi nabantwana bakrazulwe babe ziziqwenga ziingonyama nanjalo njalo, aze athi emva koko WayenguThixo onothando.” Wathi, “Akukho sidalwa esinjalo.” Yabona, umfo, ngaphandle kwentumakalelo yeLizwi, wasilela ukuLibona.

¹³⁶ Ukhozo lokuqala lengqolowa, uMyeni, kwafanela liwele emhlabeni ukuze livuke kwakhona. Kwabanjalo nakuMtshakazi

wokuqala owazalwa ePentekoste kwafanela ahambe ngazo Izigaba Zobumnyama njengayo yonke engenye imbewu, angcwatywe. Kwafanela bafe. Kufanele bakwenze oko. Kodwa yaqalisa ukuntshula kwakhona kuLuther, kuhlaziyo lokuqala. Ayizange ikhangeleke njengembewu eyangenayo, kodwa yayiKukukhanya kwa loo mhla. Isiqu ngoko siya kwinquma, uWesley. Kwaye ukusukela kwinquma yaya ePentekoste, ikhasi.

¹³⁷ Xa ujonganga engqoloweni, xa iphuma, ukhozo lwengqolowa, umntu okhe wakhulisa ingqolowa, uphuma uye kubona la ngqolowa ibumbeka phaya, ikhangeleka njengenkozo. Kodwa ungathatha isibanguli uyibeke phantsi uze uthathe ingqolowa uyivule, akukho nkozo phaya konke konke. Likhasi nje. Kuze emva koko kube yintoni? Iya—iyabumbeka phaya, ukubamba iinkozo. Yabona? Kuze emva koko, into yokuqala oyaziyo, ubomi bushiye i—isiqu ukuya kwinquma; bushiye inquma baya kwikhasi; bushiya ikhasi buze buye kwingqolowa. Izigaba ezithathu, yabona, okuyiyo. Kuze emva koko kubumbeke iNgqolowa *ngaphandle* kwezigaba ezithathu (Luther, Wesley, Pentekoste). Kanye ngqo. Yabona, akukho mathandabuzo. Akunakuyiphazamisa indalo.

¹³⁸ Ngoku jonga, qho ngeminyaka emithathu emva koMyalezo uphumile usuka kuThixo, benza umbutho. Lena ibe yiminyaka engamashumi amabini eminyaka, kwaye akukhange kubekho mbutho. Awusokuze. Yabona? Ngoku ikhasi kufanele lizihluthule, linike iNgqolowa ithuba ilale phambi kweLanga, ukuvuthwa; uMyalezo ubuyela kanye emva eBandleni kwakhona, usenza uMzimba kaYesu Kristu nje ngokufana naLeyo yokuqala yemvelo eyaya emhlabeni. Ngoku, ukubona u—uBomi obunguNaphakade.

¹³⁹ UBomi, ngokuqinisekileyo i—isuqu emva apha besiphethe uBomi. Nokuqinisekileyo, besinjalo. Kodwa, uyabona, xa yathi yaba sisiqu kwaye kwaphela ngayo, umbutho, uBomi baqhubeka baya kuWesley; baphuma, bangena. Kwaye kwakanye, bonke ngabanye... Omnye, umcwe omkhulu, ikhangeleka ngathi lukhozo. Kodwa xa omncinci umungu usiza, njenge... kuyo kwi—kwikhasi... okanye kwisiqu, umungu wenquma, ikhangeleka ngokupheleleyo njengokhozo. Kodwa xa isehlala kwela ikhasi, iphantse ibe iphaya.

¹⁴⁰ Akatshongo na uYesu, “Kwimihla yokugqibela” (Mateyu 24:24) “zombini ziyakusondelelana kakhulu kulahlekise imfuza, abanyulwa ngexa elingaphambili, Abanyuliweyo Bona, ukuba bekunokwenzeka”? Phantse ifane nento yenene, yabona. Ke, kwimihla yokugqibela. Ngoku, uyabona, lixesha lengqolowa ngoku. Iba lixesha lokuvuna. Sona ayiso sigaba sikaLuther, esi asisosigaba sePentekoste, esi sisigaba soMtshakazi.

¹⁴¹ Njengoko uMoses wabiza wakhupha isizwe esizweni, uKristu namhlanje ubiza ekhupha iBandla ngaphandle

kwebandla, niyabona; into enye ikumzekelo, ebathabathela kozukileyo kaNaphakade uMhlaba weSithembiso.

¹⁴² Ngoku, ukwala laMntu wenza ubizo, uKristu, akukhathaliseki ukuba ungowakwaMoya, mWisile, mLutere, nantoni oyiyo, kufanele u...Esi sigaba! Akuko nto ichasene nabo, konke konke, kodwa kwesi sigaba *ngoku* kufuneka wamkele (njengoko benzayo kwesiya isigaba) uMntu kaKristu oliLizwi!

Ekugalekeni ebe ekho uLizwi, kwaye uLizwi ekuye uThixo, kwaye uLizwi enguThixo.

Waza uLizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu,...

...ikwanguye izolo, ...namhlanje, naphakade.

AmaHebhere 13:8. Yabona, kufanele wamkele laMntu woBomi obunguNaphakade!

¹⁴³ Ngoku, bobuphi ubomi uLuther awabanabo, yayilugwetyelo. UWesley wayenongcwaliseko, longeziwe kulo. AbakwaMoya babenokubuyiselwa kwezibabalo zibuyela emva kuyo, zongeziwe kuyo. Kodwa ngoku lugqibeleliso emzimbeni, niyabona, izigaba ezithathu zayo, kwaye ukuphuma koko...Ngoku, xa uvuko lusiza, uBomi obaphila kumaLutere, obaphumayo, uBomi obaphila kumaWisile baza baphuma, uBomi obaya kwabakwaMoya, bonke bayakuxhwilwa baphume emhlabeni eMzimbeni woMtshakazi bathathelwe phambi koYesu Kristu. Uzuko kuThixo! Owu, iyachwayitisa! IyiNyaniso!

¹⁴⁴ Sijike idolo! Sijonge ngaseZulwini, siqaphela ukuza; isiCiko sePyramid, njengoko besinokutsho, ukubuya Kwakhe! IBandla kufanele livusiwe kwamsinyane, kwaye kufanele sizilungisile.

¹⁴⁵ Kwaye kuphela kwendlela onokubanakho, asikuko ukuthi, "Kuhle, ndingowase-Assemblies. Ndingowase Bunyeni, Bubini," okanye nantoni na, bonke phaya, "ndingowecawa kaThixo," oko akuthethi kwanto. "Oobawo bethu bakhwaza baxhentsa," oko nje kugqibelele kulunge konke, oko kwakungowomhla *wabo*. Kodwa *namhlanje* akujanyelwanga ngumbutho abawenzayo, kodwa buBomi obuqhubekekayo, obunguYesu Kristu.

¹⁴⁶ Lo mfo mtsha wenza kwa into enye. UMoses wabhala loo mithetho. Kodwa, niyabona, kwa uThixo omnye owabhala imithetho, ngabaprofeti Bakhe, wayeyinto enye eyaprofeta ukuba umhla uyakufika, "ndiyakuvusa uMprofeti onjengam. Kwaye kuyakwenzeka ukuba bonke abangamviyo Yena bayakunqanyulwa"; babuyele emva kumakhasi obuhlelo namanquma. Kufanele baqhubeke baye eBomini. Kwaye namhlanje, musa ukuthi, "NdingowakwaMoya. Ndingowoku, ndingowokuya." Oko akuthethi kwanto. Kufanele wamkele

uMntu uKristu, uBomi obunguNaphakade. Ijamelene nathi sonke ngabanye! Sukuyilibala lonto.

147 Abanye abakhokeli, niyabona, babebambelele kuye. Abantu babo bafundisiwe, “Kuhle, singaboku, kwaye singabokuya,” kwaye kubambelele kuye. Kodwa enjani ukubulala into, ukwala inkokhelo yoBomi obunguNaphakade!

148 Ngoku, oba Bomi bukhona ngobubusuku. Injalo lonto. UMoya oyiNgcwele ulapha, onguKristu kwimo kaMoya; uMoya Wakhe, intambiso ilapha.

. . . *ixeshana elifutshane, ihlabathi lingabisandibona;*
kodwa *nina niyakundibona: . . .*

. . . Ngoba *ndiyakuba nani*, nangaphakathi kuni, kude kube sekuphelisweni, *ekupheleni kwehlabathi*.

149 UYesu yedwa angakukhokelela koba Bomi bunguNaphakade. Akukho cawa, akukho hlelo, akukho mshumayeli, akukho mpristi, hayi kwanto engenye enokukhokelela kuBo, kufanele ukhokelwe nguYe, Lowo okuphela onokukhokelela.

150 Ungafane ucinge Yena ekukhokela ekukhupha eLizwini Lakhe, ntoleyo inguYe? Kwaye ukuba liLizwi, kwaye wena uyinxalenye yaKhe, akuyi kuba yinxalenye yeLizwi? ILizwi athe uThixo wafuna ukugalela amanzi osindiso phezu kwalo namhlanje, ukumazisa Yena namhlanje; njengabapostile bamazisa yo Yena, njengoLuther, njengoWesley, njengakubantu kuzo iintsuku bamazisa Yena. Esi sesinye isigaba. LiLizwi! ILizwi lithe ezi zinto sizibona zisenzeka ngoku, ziqikelelwe ukwenzeka kule yure. Ke yamkela uYesu Kristu uze umvumele Yena akukhokelele kuBomi obunguNaphakade.

151 Njengoko wayephumelele, lomfo mtsha . . . Wayephumelele zonke izinto ezilungileyo. Esikolweni, wayemhle. Njengenkwenkwe elungileyo, akukho mathandabuzo, wayelungile. Njengo tata wenene . . . Ekumameleni utata wakhe kushishino, wayeyelungileyo—elungileyo inkwenkwe. Elungile ebazalini bakhe. Wayethembekile kumbengeleli wakhe. Wayethembekile ecaweni yakhe. Wayethembekile emithethweni kaThixo. Kodwa waphulukana neyona nto inkulu, kwaye zonke ezinye kuzo zazingathethi okukhulu kuye xa wala inkokhelo yoBomi obunguNaphakade, uYesu Kristu.

152 Qaphela! Le nkokhelo ijamelana naye wonke ubani kuthi namhlanje, into enye njengoko wenzayo lamfana, thina . . . akukhathaliseki singabenkolo kangakanani. Ungaba ngumKatolika, ungaba ngumBhaptizi, mWisile, okanye ungaba ngowakwaMoya, okanye nantoni na oyiyo, lento ikwanye ijamelana nawe ngobubusuku: UBomi obunguNaphakade, oko oko ke, ukwamkeleka uYesu Kristu. Sinikwe elithuba.

¹⁵³ Ngamanye amaxesha ebomini kufanele siqubisane nento nje ngokufana nalomfana wenzayo, ngokuba usisidalwa esifayo kwaye unikwe i—unikwe ithuba lokukhetha. Unokhetho. UThixo wenze njalo ukuze ube nokukhetha. Ukuba Wabeka u-Adam no-Eva kwimeko yokuzikhethela ukuze bakwazi ukukhetha, kwaye benza ukhetho olungalunganga, kwaye, yabona, kwakungekho nto Anokuyenza kuwe kunokuba Wenzayo kubo. Kufanele akubeke ngento enye ukuze ukwazi ukukhetha okanye ukwala.

Unokhetho. Masijonge kwabanye babo:

¹⁵⁴ Unokukhetha, njengomfana oselula, okokuba uyakuba nemfundo okanye hayi. Unalo olo khetho. Ungafuna ukuba “nje ungabi nayo,” ungayala nje yona.

¹⁵⁵ Unokhetho ngokuziphatha kwakho. Ndizakuvisa kabuhlungu nje kancinci apha. Yabona? Ungaphumela ngaphandle uyeke iinwele zakho zikhule zihle ube yiBeatle okanye omnye wabangantweni.

¹⁵⁶ Okanye nina bafazi, ningakhangeleka nje nga—ngabantu abandilisekileyo okanye ningabanye bezi zitenxileyo izidalwa esinazo phandle phaya, wona amehlo aluhlaza. Nenwele ezivuzayo ukuchetywa nezinto, bachasene kwaphela neLizwi likaThixo, ntoleyo echaseneyo ngokuqinisekileyo; nkqu nokunikela . . . bengenakunikela umthandazo wamkeleke. Leyo yiNyaniso. Injalo ngqo. Yilonto iBhayibhile eyithethileyo.

¹⁵⁷ Kodwa kwenzeke ntoni kuni, cawa? Ubone kakhulu umabonwakude, izinto ezininzi zehlabathi, kulula kakhulu kwimvelo yona ka-Adam wenu omdala ukukhukuliseleka kokuya, ukwenza njengenxalenye isenza.

¹⁵⁸ Ndingakuphinda oku kwakhona! Kwikosher, ekunikelweni kwe—kwe—kwesicamagushelo kwimihla kaMoses, xa uMoses wakhupha abantwana, kwakufuneka kube yimihla esixhenxe yokuba kungabikho gwele phakathi kwabantu. Nabani na uyakwazi oko. Kwi Eksodus, “Akusayi kufunyanwa gwele eminqubeni yenu konke, iintsuku ezisixhenxe.” Ezo *ntsuku zisixhenxe* zimele ezigcweleyo “izigaba zamabandla asixhenxe.” Yabona?

¹⁵⁹ “Lingabikho igwele.” Ngoku, yintoni leyo? Ingabikho imvumo nkolo, lingabikho ihlabathi. UYesu wathi, “Ukuba niyalithanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kuni.” Yabona? Kwaye siyazama ukuxuba oko; akunakuyenza! Kufanele uze kwinto *enye* ukukholwa: kungabe uzakukholwa uThixo, uzakukholelwa icawa yakho, uzakukholelwa ihlabathi, uza . . . Akunakuyixubanisa. Kwaye akunakubambelela kwizinto ezindala ezo enye icawa ephambi kwakho yazenzayo. Kufanele uthathe uMyalezo weyure.

¹⁶⁰ Wathi, “Yintoni eshiyekileyo, ungayiyeki ihlala kude kuse (ukuza kwesi esinye isigaba), yitshise ngomlilo; itshatyalaliswe.”

Khona ukuze isigaba ophila kuso, uMyalezo wesi sigaba, kufanele Ukhutshwe eZibhalweni kwaye ungqinelwe uqinisekiswe nguThixo ukuba nguThixo owenza njalo. Ngoko kuphakathi kokuba wamkele Lowo okanye uwale Wona. Obo buBomi obunguNaphakade, inkokhelo kaMoya oyiNgcwele, ukhokela iBandla Lakhe.

¹⁶¹ Singahlala koko ixesha elide, kodwa masiqhubeke, nje qhubeka uhamba.

¹⁶² Ukhetho lwesimilo sokwenza kwakho. Unga... Akunakuxubanisa ngoku. UngokaThixo okanye uchasene noThixo, kwaye imbonakalo yangaphandle ibonisa ngqo into engaphakathi. Yabona? Ikhakakhaka... Abaninzi benu bacinga, “Ndifumene ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ndiya eZulwini.” Oko akuthethi kwanto yokuba uya eZulwini. Hayi, mhlekazi. Ungabanobhaptizo loMoya oyiNgcwele yonke iyure ebomini bakho, kwaye kunjalo ulahleke uye esihogweni. IBhayibhile itsho njalo. Uh-huh, injalo ngqo lonto.

¹⁶³ Khangela apha, ungumntu wangaphandle. Unezimvo ezintlanu eziqhagamshelana nomzimba wangaphandle. UThixo ukunike izimvo ezintlanu; hayi ukuqhagamshelana naYe, ikhaya lakho lasemhlabeni: ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, nokuva.

¹⁶⁴ Emva koko unomoya ongaphakathi koko, kwaye unemijelo ephumayo emihlanu: ukuqonda, nokuthanda, nanjalo njalo. Imijelo ephumayo emihlanu othi uqhagamshelane nelizwe likamoya ngayo, kodwa ngomoya wakho.

¹⁶⁵ Inyama yakho iqhagamshelana nokusingqongileyo. Umoya wakho uqhangashelana nokukamoya. Kodwa ngaphakathi kokuya unomphefumlo, kwaye lamphefumlo yimfuzo esuka kuThixo.

¹⁶⁶ Kwaye njengomntwana ebumbeka esibelekweni sikanina. Xa usana lusiza e—esibelekweni sikanina ngethontsi lobomi elincinci, lirhubuluzela eqandeni, alenzi seli enye yomntu, okulandelayo ibe yinja, kwaye elandelayo ibe yikati, elandelayo lihashe. Zonke ziiseli zobuntu ngokuba yakhiwe isuka kwiseli yobuntu yemvelo.

¹⁶⁷ Kwaye xa umntu athe wazalwa ngokutsha ngeLizwi likaThixo, owabekelwa ngaphambili uBomi obunguNaphakade, obubizwa “Abanyuliweyo,” iyakuba liLizwi likaThixo phezu kweLizwi, iLizwi eLizwini! Hayi imvumo nkolo yobuhlelo kuze emva koko iLizwi, nemvumo nkolo; ayisayi kusebenza. Akunakuba nelagwele kuLo! Bunye kuphela uBomi obunguNaphakade, uYesu Kristu iLizwi:

Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi ebekuThixo, kwaye uLizwi ebenguThixo.

Ke uLizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu, . . .

168 Zihlobo, nondla abantwana bam. Nindithumela ngaphaya kwimihlaba yobumishinari ehlabathini, ukusa uMyalezo. Kufanele ndinyaniseke kuni. Oko ndijonge kuko, mhlawumbi anikuboni. Yilonto endilapha ngayo ukuzama ukunixelela. Asikuko ukuba andibathandi abantu, kungokuba ndiyabathanda abantu. Ukulungiswa. Xa ndibona ukutshibilika kwebandla, liphuma ecaleni, ndithi, “Ke, senze *oku* kwaye senze *okuya*,” kwaye jonga ngaphaya ebandleni uze ubone i . . . Ayisokuze nje isebenze.

169 Ngoko jonga apha eBhayibhileni uze ubone ifanele ibe ngala ndlela ekugqibeleni, esiya sidikidiki Isigaba Sebandla laseLawodike, likhuphela uYesu ngaphandle (iLizwi). Zange abize . . . Akazukubiza cawa. Wathi, “Ngobuninzi endibathandayo, ndiyabohlwaya. Ndiyabaqeqesha.” Ukuthatha iLizwi ndize ndiLigxininise, ndixele, “Akulungisanga!” Eso sisizathu sokuba ndinithanda. “Ukuba uyakuluvula ucango uze uNdivumele ndingene, Ndiyakungena ndidle nawe.” Hayi ibandla, sele Yena elikhuphele ngaphandle.

170 Liya kwiQumrhu leNtlanganisela. Phaya kulapho liye khona, ukubuyela emva ngqo eRoma apho liphuma khona. Kwaye kunjalo ngqo. Ndinako oko kubhalwe apha ephepheni ukusuka kumashumi amabini anesihlanu eminyaka eyadlulayo, okanye amashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo, kwaye nantso. Hayi kuphela okuya, ibhaliwe eBhayibhileni, ukusuka kumbono. Libuyele emva. Akukho ndlela elingasindiswa ngayo, limkile! Liyakuba ngala ndlela.

171 UThixo ubiza umntu *ngamnye*. “Ndimi emnyango ndinkqonkqoza. Ukuba nabani, nawuphi umntu . . .” Umntu omnye kwiwaka, kusenokuba ngomnye kwisigidi.

172 Njengoko ndatshoyo kubusuku obumbalwa obugqithileyo. Xa uSirayeli wenyukayo waphuma eYiphutha, kwakukho nje kuphela izigidi ezibini zabantu zaphumayo, kwaye nje izigide ezimbini; nje omnye . . . nje ababini bangena. Omnye kwisigidi. Ingaba benikwazi oko? UKhalebu noYoshuwa.

173 Kwaye uYesu, xa Wayesemhlabeni, bathi, “Oobawo bethu batya imana entlango. Sigcine izithethe. Kwaye senza *oku*. Siyazi apho simi khona!”

174 Wathi, “Ndiyazi ooyihlo batya imana entlango, kwaye ngamnye kubo wahlukaniswe ngoNaphakade. Bafile!”

175 Xa imbewu yobomi isuka kwiduna okanye kwibhinqa, kukho izigidi zamaqanda eziphumayo, kukho izigidi zamathontsi obimi eziphumayo. Kwaye kuwo onke loo mathontsi mancinci obomi, ohlobo . . . Ukuba li—lisuka kwinkunzi yenkomo, okanye umntu, okanye nantoni eyiyo, kukho nje izigidi zamathontsi obomi, izigidi zamathontsi obomi esebenza. Khona

phaya kukho linye kuphela waloo mathontsi obomi elinyulelwe ukuba liphile, ngokuba kukho iqanda elinye khona phaya, lichumile, ukulihlangabeza. Injalo lonto. Kuphela liqanda elinye eliyakuhlangana nayo. Nje ngokufana nalo mzimba apha uhleli apha, lize ithontsi lobomi lize lisuka kuThixo. Yabona? Kwaye qaphela ela thontsi lincinci lisiza phakathi kwawo onke la angamanye amathontsi obomi, lize liphinyela phakathi kwawo, kanye ngqo liwagqithe, liye ngaphaya lize lifumane elaqanda lichumileyo lize—lize lirhubuluzele ngqo kulo; aze amanye onke afe.

¹⁷⁶ Bekungathini ukuba bekungalondlela nebandla namhlanje, omnye kwisigidi? Khangela apho ibiyakuba khona? “Limxinwa isango kwaye ixinene neNdlela, kwaye bambalwa abayakuLifumana; ngokuba iphangalele indlela esa kwantshabalalo, kwaye baninzi abaya kuya ngalo.”

“Ingaba yinyaniso leyo, Mzalwana uBranham?” Andazi, kodwa ndichaphula nje iSibhalo. Yabona?

¹⁷⁷ Ngoku, wanyulelwe eBomini. Uyabubona Bona ukuba wanyulelwe ukububona Bona. Ukuba akunyulelwanga ukububona Bona, awusayi kububona Bona. Wathi, “Banamehlo kodwa ababoni, iindlebe kwaye bengeva.” Indlela ekufanele sibe nombulelo ngayo, bandla! Indlela ekufanele uthi tye ngayo kwezi zinto! Indlela ekufanele ube semlilweni ngoThixo! Okokuba amehlo akho abone oku ukubonayo, iindlebe zakho zive ezi zinto uzibonayo. Inkokhelo! Kutheni uze apha ngobubusuku ukuza kuva uMyalezo onje ngaLo? Ndithiyiwe ekunqumlezeni ihlabathi, ziicawa, njengo “mbaxi.” Kutheni nizile? UMoya oyiNgcwele unikhokelele apha (yabona? yabona?) ukuza kumamela. Naluswe! Kusikwe kususwe izinto zehlabathi, wamkela inkokhelo kaYesu Kristu, okanye uyakutshabalala nje ngokuqinisekileyo njengehlabathi.

¹⁷⁸ Unakho ukuzikhethela indlela yokuziphatha. Indlela oziphethe ngayo, ixhomekeke kuwe.

¹⁷⁹ Unakho ukuzikhethela umfazi. Uyaphuma uthabathe umfazi. Ufuna ukuthabatha umfazi, ufuna ukuthatha lowo ufanele ezakho...koko ukufunayo...ucwangcise ikamva lakho. Ungafane ucinge indoda, indoda engumKristu, iphuma ize ithabathe aba balemihla ooXengaxengayo imenze umfazi? Huh? Ungafane ucinge? Yintoni lanto la ndoda iyicingayo? Luhlobo olunjani lwekhaya ezakuba nalo ukuba ithatha uhlabayo, umgculeli westrato phandle apha, umthengisi ngomzimba estratweni? “Owu,” uthi, “ngoku, linda umzuzu.” Unxiba njani? Yabona? Yabona? Banxiba ezimfutshane nezinto, ngumthengisi ngomzimba estratweni. “Owu,” uthi, “ngoku, Mzalwana uBranham!” Owu, bona osketi zipitsayo, kukhangeleka ngathi ungxaliwe, umthengisi ngomzimba westrato.

¹⁸⁰ Wathi uYesu, “Nabani na othi ajonge umfazi amkhanuke, uselemkrezezile kunye naye entliziyweni yakhe.” Ngoko kofanele aphenidule ngalonto. Kwaye yintoni ayenzileyo? Uzizisile. Ngubani onetyala? Cinga ngayo.

¹⁸¹ Uthi, “Abazenzi ezinye iimpahla.” Banamalaphu kunye noomatshini bokuthunga. Akukho kuzithethela. Huh-uh. Injalo ngqo.

¹⁸² Ngoku, andifuni kunivisa kabuhlungu. Kwaye oko ayisisiqhulo, lo ngu ITSHO INKOSI ngokweSibhalo. Iyinyaniso ngokuchanekileyo, sihlobo. Ndilixhego, andinaxesha lide lokuphila, kodwa ndifanele ndinixelele iNyaniso. Ukuba lona ngumyalezo wam wokugqibela, uyiNyaniso. Yabona? Ningakwenzi, dade. Ningakwenzi, mzalwane.

¹⁸³ Kwaye nina bafo enibambelele kuzo i—imvumo nkolo, kwaye nisazi iLizwi likaThixo lingqinelwe kanye phambi kwenu. Ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele nenyanyiso esinazo namhlanje, kwaye ngoko, ngenxa yeemvumo nkolo zenu, nisuke kuLo? Ungaba ngunyana kaThixo njani nize niphike iLizwi likaThixo eliqikelelelwe lemihla yokugqibela esiphila kuyo? Ningayenza njani? IBhayibhile ingayibiza njani lena. . .

¹⁸⁴ Njengoko nditshilo kwiveki ephelileyo malunga ne—nekumkani ngaxesha lithile, phantsi eMzantsi, xa babenabantsundu ezantsi phaya bethengiswa ngobukhoboka. Kutheni, kwakungekho ngaphezulu kunayo nje i—intengiso yemoto, ufumana ixabiso mali lentengiso lawo. Kwaye ndothuka, kwenye indawo encinci. . . Ndafunda ngenye imini apho u—umthengisi wezayo ukuza kuthenga amanye, waza wathi, “Kuhle, ngoku, ndingathanda. . .” Babenzunguphele, kufanele uwatywatyushe, uwenze asebenze ngoba babekude nekhaya. Babethengisiwe, amakhoboka. Kwaye babekwilizwe abangaliqhelanga abangazinto malunga nalo, kwaye babengasokuze babuyele ekhaya kwakhona, kwaye babedakumbile. Kwakufanele ubatywatyushe, ubenze basebenze. Kodwa lo mthengisi waya kwenye ifama.

¹⁸⁵ Omnye umfo omtsha phaya etyhale isifuba, iselevu phezulu, bekungafanele umtywatyushe yena. Wayesemgceci, kwaye waye wayegcine isimo sobangumzekelo kwabanye.

Umthengi wathi, “Ndiyakuthenga lona.”

¹⁸⁶ Wathi, “Akathengiswa. Akahambi. Akuzukumthenga yena, ngokuba akathengiswa.”

¹⁸⁷ Wathi, “Kuhle, yintoni emenze wahluka kangaka?” Wathi, “Ingaba ngumphathi wabo?”

Wathi, “Hayi.”

Wathi, “Ingaba umondla ngokwahlukileyo?”

¹⁸⁸ Wathi, “Hayi. Likhoboka, utya phandle phaya ekhitshini kunye nabanye bonke.”

Wathi, “Yintoni emenza ahluke kakhulu?”

¹⁸⁹ Wathi, “Ndandimangalisiwe ngokwam, de ndafumanisa. Ngaphaya e-Afrika (apho bavela khona, apho amaBhulu abathenga khona, aza bawazisa ngapha aza awathengisa ukuwenza amakhoboka), ngaphaya uyise yikumkani yohlanga. Kwaye noko, ungowenye indawo, kude nekhaya, uyazi ungunyana wekumkani. Ke uziphatha ngala ndlela.”

¹⁹⁰ Esinjani isohlwayo kubuKristu! Sifanele simele uThixo noBomi obunguNaphakade. Kukho kuphela indlela inye yoBomi obunguNaphakade, kwaye leyo nguThixo. Yena kuphela unoBomi obunguNaphakade. Kwaye siyimveliso yaKhe, ngokuba siyimfuzo yoMoya Wakhe. Ngoko sifanele siziphatha kakuhle, abafazi namadoda, njengokuba iBhayibhile itshiloyo senze ngako. Hayi ooJezebhele basitrato, nooXengaxengayo bombutho; kodwa amaKristu angamanene, oonyana neentombi zikaThixo, abazelwe ngoMoya kaThixo, bebonisa uKukhanya kwimihla yethu kwaye sikusasaza Kona. Injalo ngokuchanekileyo lonto.

¹⁹¹ Indlela esikhukuliseke semka ngayo kuBo! Kutheni? Into ekwanye le nkwenkwe yayenzayo apha. Wala, akafuna uBomi obunguNaphakade, ngokuba Bona bebuyakumlahlekiselanisa nendawo yakhe ekuhlaleni, Bona bebuyakumlahlekiselanisa nobuncwane bemali yakhe—yakhe—yakhe, Bona bebuyakumlahlekisela nobudlelwana bakhe ecaweni, Bona bebuya kumlahlekiselanisa nento eninzi. Wayekwazi oko Bona bebuyakumlahlelakanisa nako, waye eyinkwenkwe ebhadlileyo, kwaye waziva enganakuhlawula elaxabiso. Noko wacinga, “Ndiyakuthemba nje inkolo yam ndize ndiqhubeka.” Kodwa ezantsi entliziyweni wazi kwakukho okuthile malunga noYesu Kristu ekwakwahlukile kubo ababingeleli bala mhla.

¹⁹² Kwaye wonke uMyalezo othe weza, owenene, ozelwe nguThixo uMyalezo, wahlukile kumrhiba oqhelekileyo. Xa impiliso eNgcwele yaphumayo, kungekudala, ingaba uqaphele indlela abalinganisi abayilandela ngayo? Yabona? Kwaye bonke kuyo kanye ngqo kuyo imibutho, behleli phaya. Ingaba wonke ubani uyakwazi ukuba kufanele kubekho uMyalezo olandela oko? Kutheni, uThixo akasonwabisi! Utsala umdla wethu ngento ethile, kwaye xa Etsala umdla wethu, ngoko sele Enawo koko Uwufumene uMyalezo Wakhe.

¹⁹³ Jonga xa Weza okokuqala emhlabeni, waza waqalisa ulungiselelo Lwakhe, “Owu Rabhi omncinci, sikufuna khona ngapha ecaweni yethu. Thina . . . Yiza ezantsi apha.” UMprofeti omncinci. “Owu, sikufuna apha Wena. Yiza apha.”

¹⁹⁴ Kodwa ngenye imini Wema ngenyawo wathi, “Mna noBawo siBanye.”

¹⁹⁵ “Owu, bethu! Uzenza uThixo Yena.”

196 “Ngaphandleni nitye iNyama yoNyana womntu nisele iGazi Lakhe, aninaBomi kuni.”

197 “Ulizimu! Asinanto yakwenza nokuya.”

198 Bona abapostile bahlala kanye phaya; amawaka amshiya Yena, kodwa abo bapostile babenyulelwe eBomini. Watsho njalo. Babengenakho ukuyicacisa Yona; bayikholelwa Yona. Bahlala kanye naYo ngokuba, bathi, “Akukho nomntu unokuyenza le misebenzi.”

199 Nkqu ababingeleli bakwazi oko. UNikodimo wathi, “Siyazi” (Ibhunga leSanhedrin) “okokuba akukho mntu onokwenza le misebenzi ngaphandleni kokuba usuka kuThixo.” Yabona?

200 UPetros, ngomhla wePentekoste, wathi, “UYesu waseNazarete, iNdoda evunyiweyo nguThixo phakathi kwenu. UThixo wayeNaye.”

201 Jonga eZibhalweni, oko iZibhalo zathi uyakuyenza. UYesu wathi, “Phengululani iZibhalo, kuZo nicinga ninoBomi obunguNaphakade. Zizo zona ezingqina ngaM. Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile naM, kuba uMoses wabhala ukuba ndiyakuza, kwimo endiyakuza ngayo.” Weza njengoNyana womntu.

202 Uza ngamagama amathathu, njengoThixo. Isithathu (njengoYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele), uThixo omnye, kwizibonakaliso ezithathu.

203 Ngoku ngoko, kananjalo, ugwetyelo, ungewaliseko...; uLuther, Martin, na—na—nabakwaMoya; into enye: izibonakaliso ezithathu, izitishi ezithathu, izigaba zamabandla ezithathu.

204 Into enye: amanzi, igazi, kunye nomoya. Owu, njengokuba ulandela, izinto ezintathu ezikuthatha zikubuyisele emva emzimbeni. Njengoko zikuzisa ukusuka kuzalo lwakho lwendalo, luzekelisa uzalo lwakho lomoya. Usana luyazalwa, into yokuqala ngamanzi, elandelayo ligazi, kuze emva koko ubomi. Leyo yindlela oza ngayo ebuKumkanini bukaThixo, indlela enye. Yabona? Leyo yindlela iBandla eliza ngayo, indlela ekwanye. Into ekwanye. Ngoku qaphela kwezi zinto zintathu, uThixo ubumbe owaKhe... ubumbe owaKhe umzimba.

205 Ngoku sifumanisa ukuba apha, okokuba unelungelo ekukhetheni kwakho. Ukhetha intombi ofuna ukuyitshata; iyakwamkela, kulungile.

206 Emva koko enye into, unokhetho lokuba ufuna ukuphila okanye akufuni kuphila. Ukhetha ngoku phakathi koBomi nokufa. Ungaphila.

207 La nkwenkwe yayinalo ukhetho. Yayiphumelele kuyo yonke into engenye, indoda yenkolo, kodwa yakwazi oko xa oko... Yayithetha ngesiqu sayo, “Ndayigcina yonke le mithetho kusukela ebutsheni,” kodwa yayisazi ukuba yayingenaBomi

obunguNaphakade. Yabona? Kwaye yayinokhetho lokubamkela Bona okanye ukubuyeka Bona, kwaye yabuyeka Bona. Leyo yayiyeyona mpazamo imbi eyakhe yayenza. Ezinye zazo zazingenayigqitha. Ayibugqithi, ayibugqithi, kude uthabathe esasigqibo Ngabo.

²⁰⁸ Ngoku masimlandele ekukhetheni kwakhe, size siyijonge apho yayikhokelela khona. Ngoku, apho yakhetha khona. Ngoku, jonga, yayi—yayiyindoda esisityebi, yayingusomashishini, yayingumlawuli, kwaye yayiyindoda yenkolo. Konke oko!

²⁰⁹ Namhlanje besinokuthi, “Kwedini, ungumWisile wenene, okanye umBhaptizi, okanye owakwaMoya. U—ungumfo wenene, elunge kakhulu inkwenkwe. Elungileyo!” Akukho nto onokuyitsho ngaye; onobuhlobo, elungileyo, ethanda abantu, nayo yonke into. Kungekho manyala malunga nayo. Mhlawumbi yayingatshayi, ingaseli, okanye izula kwimiboniso nemidaniso, nantoni na esinokuyibiza namhlanje, njengoko sinokuyibiza umKristu. Kodwa oko asiboBomi bunguNaphakade! Oko asikuko esithetha ngako. Yayinokuba ithembekile ecaweni yayo, ntoleyo enokuba injalo. Kodwa, uyabona, kwaye oko kwayikhokelela phi? Udumo olukhulu. Masithi, ukuba yayingumshumayeli, yayinokuba...inokuba necawa engcono. Yayinokuba umfundisi omkhulu okanye ubhishopu. Yabona? Ikukhokelela kwindumasi, kwaye yayikhokelela kubutyebi nendumasi.

²¹⁰ Ingenza into ekwanye namhlanje, unesiphiwo esikhulu sokucula. Ndinga ngalamfana ngexesha elagqithayo eyacula elaculo apha; indlela eyanikela okuya kumtyholi, kwaye ngoku uyayifumana...Kwaye indlela okwahluke ngayo phakathi kwakhe no Elvis Presley kunye nabanye babo. UPat Boone, kunye neqela njengeliya, u-Ernie Ford, bona abafa, iimvumi ezinkulu; uze uthathe italente zabo, ezotalente baziphiwe nguThixo, baze bazisebenzise ukuphembelela i—imisebenzi kamtyholi. Injalo lonto. Ezinye zeemvumi ezinkulu zithengisa ngetalente eziyiphiwe nguThixo zisenzela indumasi kwelihlabathi, ukuze babe ngoothile. Ungakwazi njani ukuba ngongaphezulu u “mntu” kunokuba unguye, ukuba nguthile, kunokuba ngunyana kaThixo?

²¹¹ Andikhathali ukuba isixeko sesakho, ihlabathi lonke, kwaye akuyamkelanga inkokhelo yoBomi obunguNaphakade ngoMoya oyiNgewele (uKristu), uyakwenza njani e...Ungubani wena, kakade? Ungumfi, ufele esonweni neziphoso! Ungowenkolo njengoko ufuna; unyanisekile njengoko ufuna ukuba njalo ecaweni; umshumayeli, ukuba ufuna ukuba sepulpitini; kodwa ngokungamneli, ufile!

²¹² Wayeyimpumelelo enkulu. Wayeyimpumelelo enkulu apha kobu bomi. Ngokuqinisekileyo. Simfumana apho siqaphela...

Ngoko sifumana lo mfo, wahamba...Siyayilandela kancinci, kwaye sifumana waba nempumelelo enkulu. Kwaye siyayilandela eBhayibhileni yonke. Siyaqaphela ukuba ya—ya...Siyifumana iyindoda etyebileyo. Enezona ndawo zinkulu kakhulu, yayisonwabisa umgwebi nosodolophu wesixeko, okanye nantoni na. Iphezulu kuphahla lwendlu yayo, kwaye inesidlo esikhulu; nabaninzi abaphaki, nabafazi, namantombi, nento yonke engenye, imngqongile. Kwaye kukho umngqibi elele esangweni, obizwa Lazaro. Wayetshayalela ingququ ayise kuye. Siyalazi ibali. Into elandelayo, iyaqhubeka iyaphumelela, nje ngeecawa namhlanje zisenza.

²¹³ Usomashishini ehleli apha, endixelela, “Kanye apha eCalifornia, okokuba icawa imele ixelele umbutho wabasebenzi emawukwenze.” Yabona, kukuza kwecawa norhulumente kwakhona. Ikuni kanye. Niyabona, niphaya kanye, kwaye nithatha uphawu lwerhamncwa ningazi.

²¹⁴ Ukuba nakhe nathenga enye yeeteyiphu zam, fumanani oku, xa ndifika—ndifika ekhaya, *Umzila Wayo Inyoka*; kwaye niyabona apho ikhoyo, niyakuyibona apho iphela khona. Ndiyakuyithetha ekhaya ngoku, ukuba iNkosi ithandle. Imalunga neeyure ezine, ke andikwazanga kwenye yomhlangano njengawo lona. Kufanele ndinyukele phaya apho ibandla linyamezela kunye nam ixesha elide, ngomonde. Qaphela. Kodwa ngoku ningamamela kuyo iteyiphu ngaxesha lithile endlwini yenu.

²¹⁵ Qwalasela oku, ngoku sifumanisa ukuba wayeyimpumelelo enkulu. Ngoko siyamfumana kamva de waba ngophumelele kakhulu, wade wathi, “Ndinokunizi!” Kwedini, ibe ngoyena wenene umfo walo mhla. Akanjalo? “Nkqu noovimba bam bayaphumphala, bayagqabhuka. Kwaye ndinokuninzi de ndithi, ‘Owu, mphefumlo, phumla.’”

²¹⁶ Kodwa, yenza ntoni ekuqaleni, yala inkokhelo kaYesu Kristu. Icawa yayo, ubukrelekrele bayo, imfundo yayo, nako konke, zamkhokelela kwimpumelelo. Onke amaYuda ayeyithanda. Yayiwapha, iwanceda, yayinokuba yenze *oku, okuya*, okanye *okunye*. Kodwa, uyabona, wala i—i—inkokhelo kaYesu Kristu, uBomi obunguNaphakade. Kwaye noko... IBhayibhile yathi, Wathi, “Siyatha—ndini, ngobubusuku umphefumlo wakho uyabizwa.”

²¹⁷ Kwaye ngoku siyifumana (indawo elandelayo) esihogweni; iphakamisa amehlo ayo kwaye ibona lamngqibi, eyathi yamgxotha esitratweni, esesifubeni sika—Abraham. Enjani impazamo ukubambi! Indlela iicawa ezithe—ezithe—ezithe—ezithe—ezithe zabe zilungisile kwindlela ezihambe ngayo, kodwa noko azibanganabo uBomi obunguNaphakade.

²¹⁸ Indikhumbuza ngentshumayelo endayishumayelayo apha kungekudala kakhulu, *Intluzo Yendoda Ecingayo*. Ungabe

wakhe wayiva. Ndandisiya, ndihamba emahlathini, ndizingela oonomatse (ngale kwindla) ndaza ndajonga phantsi. Kwaye, kakade, andinakubiza inkampani yomdiza. Niyayazi. Kwaye nako kulele i—iqokombe lomdiza lilele phaya. Ndaza nje ndagqitha kulo, ndijonge... ematyholweni. Ndaza ndabona elaqokobhe lilele phaya, ndaza ndajonga kwakhona, lisithi, “Intluzo yendoda ecingayo, incasa yendoda etshayayo.” Ndaqalisa ukuhamba ngamatyholo.

219 Kwaye uMoya oyiNgcwele wathi, “Jika uchole okuya.”

220 Ndaya ndagoba ndaza ndalichola, “Intluzo yendoda ecingayo, incasa yendoda etshayayo.” Ndacinga, “Umzimveliso waseMelika apha, uthengisa ukufa phantsi kokuzifihla, kubemi bayo amaMelika.” Intluzo yendoda ecingayo? Wena... Nencasa yendoda etshayayo?

221 Ndandise World Fair, kunye noYul Bryan... Brynner, nabo phezulu phaya, xa wayenika lonke uvavanyo. Kunye nendlela awabeka umdiza waza watsala u... ukunqumleza igilasi waza wathatha i... Wasulela isixhaxha waza wasibeka kumqolo wempuku, impuku emhlophe, kwaye ngeentsuku ezisixhenxe yayizele ngumhlaza ingenakho ukuhamba. Kwaye bathi, “Niyazi, bathi ‘intluzo,’” bathi, “liqhinga, lithengisa imidiza emininzi.”

222 Ithatha isixhaxha esininzi ukwanelisa la demoni. Injalo lonto. Kwaye xa uthatha onentluzo umdiza, ithatha malunga nemine imidiza ukuthatha indawo yomnye. Liqhinga lokuthengisa emininzi imidiza. Akunakutshaya ude ube ufumane intshongo; kwaye intshongo, ufumene umhlaza. Niyayibona indlela eyiyo? Kwaye iimfama ezingamaMelika, zijonge umvundla uphume emnqwazini ndaweni ithile, baqhatheka yilonto. Akunakuba nayo; ikukufa, andikhathali uya ngeyipi indlela, kukufa nangayipi indlela oya ngayo. “Intluzo yendoda ecingayo,” indoda ecingayo ayisayi kutshaya tu, injalo lonto, ukuba inazo kwa ukubanazo iingcinga.

223 Kuhle, ndicinga oko nje kulungele amabandla. Yabona? Ndicinga, ingaba uThixo unaso isihluzo? Ewe.

224 Kwaye amabandla ngalinye linaso isihluzo. Injalo lonto. Zihluzo abo bangenayo, kwaye ayeke okuninzi ukufa kungene.

225 Ungalifunxela njani ihlelo kwiSihluzo sikaThixo? Ungayenza njani lonto? Ungamfunxa njani onquthule iinwele umfazi ngesa Sihluzo? Ndixelele. Ungamfunxa njani umfazi onxibe ibhulukhwe ngaso Sona, ngelixa “Kulisikizi ukuba yena anxibe iimpahla ezenzelwe indoda”? Yabona, iNtluzo kaThixo iyakumbambisa khona phaya, Ayisayi kumvumela angene. (Kodwa icawa zinezihluzo zazo.) Ke nditsho ukuba kukho iNtluzo yendoda ecingayo, elo liLizwi likaThixo, kwaye lilungele incasa yendoda engcwele. Injalo lonto, indoda engcwele; hayi indoda yecawa, kodwa incasa yendoda engcwele. Ngokuba

Linyulu, ubungcwele, elingakrexezwanga iLizwi likaThixo! Nantso iNtluzo yendoda ecingayo. Kwaye lungu lecawa, ndiyakucebisa ukuba usebenzise Esiya.

²²⁶ Ngokuba kuzisa ngaphakathi ihlabathi, isixa esinye salo kukufa. Isixa segwele, igwelana elincinci libilisa intlama yonke. “Nabanina oyakuthatha iLizwi elinye koKu, okanye ongeze igama libe linye kuLo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi.”

²²⁷ Emyezweni we-Eden, yintoni eyabangela ukufa, nayo yonke lentsizi, yonke intliziyo ebuhlungu, konke ukufa koluncinci usana, konke ukurhoxozela emqaleni, konke ukukhala kwengqwelo yezigulane, sonke isibhedlela, lonke ingcwaba? Kungokuba u-Eva wathandabuza iLizwi *elinye* (hayi lonke laLo), yalugqwetha nje Lona. Ngoku, uThixo wathi, “Umntu,” phaya, “wayefanele agcine *lonke* iLizwi likaThixo.” Ngoku, eso sisiqalo seBhayibhile.

²²⁸ Embindini weBhayibhile, uYesu weza, waza Wathi, “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngawo onke aMazwi aphuma emlonyeni kaThixo.” Hayi nje inxenye Yawo, onke.

²²⁹ Ekugqibeleni kweBhayibhile, Isityihilelo ama-22, uYesu unika ubungqina obuboBakhe. Isityihilelo se—seBhayibhile nguYesu Kristu. Kwaye wathi, “Nabanina oyakususa iLizwi *elinye* apha, okanye ongeze igama *elinye* kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi.”

²³⁰ Ngoku, uhamba *ngala*Ntluzo yendoda ecingayo, uyakuba nencasa yendoda engcwele xa uphumile Phaya. Kunjalo. Uyakuba nencasa engcwele.

²³¹ Dade, wena unxiba ezompahla, cinga ngayo. Uzaku. . . Uthi, “Ndithembekile emyenini wam.” “Ndithembekile kwinkwenkwe yam esisihlobo.” “Ndiyintombi ethembekileyo.” Kodwa malunga naphi nala moni othe wajonga kuwe? Xa ephendula ngokrexezo, ngubani olwenzileyo? Yabona, uyakuba netyala. Yibone ibhaliwe eLizwini, ke iyi. . . Yabona? Owu, yiba ngumfazi oqiqayo. Yiba ngoqiqayo. . .

²³² Ungathi, “Ingaba. . .” Ke, kunokuthi kuba iyenzeka ukuba ibe ngala ndlela? Watsho njalo, kwaye iLizwi elinye alinakusilela. Yabona?

²³³ Indoda ebalulekileyo yandixelela kungekudala, yandibizela egumbini layo, yathi, “Ndizakubeka izandla kuwe, Mzalwana uBranham. Wonakalisa ulungiselelo lwakho, ushumayela ezo zinto.”

²³⁴ Ndathi, “Lonke ulungiselelo eliyakuthi iLizwi likaThixo lilonakalise, lifanele lonakaliswe.” Yabona?

²³⁵ Yathi, “Ndizakubeka izandla kuwe.” Yathi, “Wawuthunyelwe ukuthandazela abagulayo.”

²³⁶ Ndathi, “Ingaba uyazikholelwa ezo zinto, mzalwana?”

Yathi, “Hayi. Kodwa asiyondaba yethu.”

Ndathi, “Yindaba kabani, ngoko?” yabona?

“Kuhle,” yathi, “leyo yindaba kamalusi.”

237 Ndathi, “Jonga erhamenteni.” Uh-huh. Injalo lonto. Yabona?

238 Qho ngonyaka ndigqitha ngokushumayela ezi zinto, kwaye ndicinga, “Ngokuqinisekileyo bayayifumana Yona,” kunyaka olandelayo ndibuyela, kukho okuninzi ngaphezulu. Yabona? Injalo lonto. Iyabonisa ukuba “Baninzi abamenyiweyo kodwa bambalwa abanyuliweyo.”

239 Inkokhelo nguMoya oyiNgcwele, sihlobo. Iyakukhokela kwaye ikukhokelela kuyo yonke iNyaniso, xa Yena uMoya oyiNgcwele ufika. Ngoku cinga ngako. Thabatha iNtluzo yendoda ecingayo, eyiBhayibhile. Hayi imvumo nkolo yakho, hayi icawa yakho; uyakulahleka. Thabatha iNtluzo yendoda ecingayo.

240 Ngolapho laa nkwenkwe ingazange iqiqe. Yathatha isihluzo secawa. Yaduma, indoda ebalulekileyo, “Kodwa esihogweni yawaphakamisa amehlo ayo, isekuthuthunjelweni.”

241 Ngoku uthatha iNtluzo yendoda ecingayo, uYesu Kristu, iLizwi, kwaye uyakunqwenela incasa yomntu ongcwele, ngokuba Iyakwanelisa okuya. Ukuba ufumana uMoya oyiNgcwele ngaphakathi kwakho, Oku kuyayanelisa.

242 UKuba uMoya oyiNgcwele awukho phaya, uthi, “Owu, kulungile, andicingi ukuba okuya kuthetha nawuphi umahluko.” Jonga oko ukwenzileyo kanye phaya! Into kanye u-Eva wayenzayo. Ubuyele emva kanye kwindawo ekwanye.

243 Ngoku masibheke phambilana. Ngoku masithathe... shiya laa ndoda phaya, engazange isebenzise iNtluzo yendoda ecingayo. Yala ukwamnkela inkokhelo kaYesu Kristu, esa kuBomi obunguNaphakade.

244 Ngoku masithathe omnye osisityebi, osemntsha usomashishini, umlawuli enalo nethuba elinye eyathi le ndoda yaba nalo. Yaza yalamnkela Lona, yayamnkela inkokhelo kaKristu. Ngoku, kukho bobabini eBhayibhileni esizakuthetha ngabo. Lowa simbonayo owathi wayala Yona, ngoku masithathe le ndoda: omnye osisityebi, omtsha usomashishini, kunye nomlawuli. Kwaye wayamnkela iNkokhelo.

245 Izibhalo zisixelelela malunga nalo mfo, ukuba ufuna ukuyibhala phantsi, kumaHebhere 11:23 ukuya ku 29.

...UMoses, ngokholo, wala ukubizwa ngokuthi ngunyana wentombi kaFaro;

Wakhetha ukuba ave ubunzima bukaThixo. . .

Ekubalela ukungcikiveka kukaKristu njengobutyebi obukhulu kunobutyebi baseYiphutha: . . .

246 Yabona, wamnkela uBomi obunguNaphakade. UMoses wayibalela i—i—ingcikivo kaKristu njengobutyebi obukhulu kunabo bonke ubutyebi ihlabathi elalinabo. UMoses wakubalela Oko njengokukhulu. Ngoku, le ndoda ityebileyo ayizange.

247 Kwaye uMoses wayetyebile, engosemtsha umlawuli, ukuba abenguFaro. Wayengunyana kaFaro, kwaye wayeyindlalifa etroneni. Kwaye wajonga koko kwakungenakwenzeka, igquba labaxovi-daka, igquba lamakhoboka. Kodwa ngokholo wabona isithembiso sikaThixo, ngeLizwi, “UKuba abantu bakhe bayakuba ngabaphambukeli kumhlaba wasemzini amakhulu amane eminyaka, kodwa bayakukhushwa ngesandla esinamandla.” Kwaye wakubalela Oko (haleluya) njengobutyebi obukhulu kunabo bonke ubutyebi baseYiphutha, kuba wancama iYiphutha engazi apho aya khona. Wayekhokelwe nguKristu. Wancama!

248 Kwaye wayenonyawo lwakhe etroneni, kwaye wayenokuba—nokuba nguFaro olandelayo eYiphutha. Kodwa wakubalela kubalulekile ukungcivikeka kukaKristu. Ingcikivo! Ukubizwa lowa “ungaqhelekanga,” ubizwe lowa “mbaxi,” ukuthatha indawo yakhe kunye nabaxovi-daka kunye nababaxi; ngokuba wabona ukuba iyure, eyokuba iSibhalo sasithenjisiwe ukuba sizaliseke, sasilapho ngoko.

249 Kwaye Owu bandla, vuka! Ingaba aniyiboni na into ekwanye ngobubusuku? Iyure ibisele ithenjisiwe ifikile. Yibalele ingcikivo kaYesu Kristu ekubeni bubutyebi obukhulu kunabo bonke ubudlelwane bento yonke; ukuba kuthabatha utata nomama, ibandla, nento yonke engenye. Landela inkokhelo kaMoya!

250 Masilandele lo Kristu kancinci, lo Moses, ixesha elincinci, owenza okuya; masiqaphele ubomi bakhe. Into yokuqala, xa wamkela ingcikivo kaKristu wancama imfundo yakhe, wancama bonke ubulumko... Wafundiswa kubo bonke ubulumko baseYiphutha. Nayoyonke indumasi yakhe, itrone yakhe, intonga yakhe yokulawula, ubukumkani bakhe, isithsaba sakhe, yonke into awayenayo, wayala!

251 Kwaye omnye umfo lo wayifuna, waza wala uKristu; kwaye le ndoda yala okuya, yaza yamnkela uKristu. Kwaye ngokukhawuleza kwenzeka ntoni? Kwafuneka izahlule.

252 Haleluya! Igama lithetha “Makabongwe uThixo wethu!” Kubi kakhulu ukuba siyakulibala oko.

253 Wala itrone nendumasi. Wayenokuba nawo amantombazana asematsha nga... abafazi ngamakhulu, kwaye wayenokuba nawo amangcwaba phantsi kwe... Kutheni, iYiphutha yayilawula ihlabathi. Ihlabathi lalilele kanye ezinyaweni zakhe, kwaye wayeyindlalifa kuyo yonke into yalo. Kodwa ejonge eSibhalweni kwaye ebona umhla awayephila kuwo, kwaye esazi ukuba Into ethile kuye, laa Mbewu yamiselwa kwangexa elingaphambili yaya kusebenza!

254 Andikhathali ungaduma kangakanani, okanye *oku* kunokuba njani, ungaba ngumphathi wabefundisi, ungaba ngumalusi, ungaba *koku*, *oku*, okanye *okuya*, kodwa ukuba ela Lizwi loBomi obunguNaphakade ngeLizwi likaThixo libe limiselwe kwangaphambili ngaphakathi kwakho, kwaye uyibone into ikho, isiya kusebenza, ishukuma ngolwahlobo. [UMzalwana uBranham unqomfa umnwe wakhe amatyeli amaninzi—Mhl.] Iqalisa ukuphuma! Uqalisa ukuBufumana!

255 Kwaye wala ukubizwa njengonyana wentombi kaFaro, ngokuba wakubalela ukungcikeveka kukaKristu njengobutyebi obukhulu kunabo bonke ubuncwane baseYiphutha okanye behlabathi. Wakubalela Oko. Qwalasela awakwenzayo, waBulandela. Phezulu, ngokukhawuleza wakhutshwa ebantwini bakhe, abantu awakhe wabathanda.

256 Ingakulahlekelanisa nento yonke onayo. Ingakulahlekelanisa nekhaya, Ingakulahlekelanisana nobuhlobo, Ingakulahlekelanisa iqela lomthungo, Ingakulahlekelanisa nendawo yakho kwiKiwani. Ingayenza. Andazi iyakulahlelanekisa nantoni, kodwa iyakulahlelanekisa nayo yonke into elihlabathi okanye ephathelele kwihlabathi. Kuyakufuneka uzahlule kuyo yonke into elihlabathi. Kuyakufuneka uyenze lonto.

257 U Moses wayibekela ecaleni yonke into waza waya entlango kunye nentonga esandleni sakhe. Amen! Iintsuku emva kweentsuku zegqitha. Kwaye wacinga ukuba akenzanga mpazamo na? Hayi.

258 Kumaxa amaninzi abantu bayaqalisa, baze bathi, “Owu, ndiyakuyenza. Uzuko kuThixo, ndiyaYibona!” Makathi umntu othile akuhleke kwaye ahlekise ngawe, “Mhlawumbi bendiphosile.”

259 Wathi, “Abo bangenakumelana nengqeqesho yimigqakhwe yabantwana kwaye abangabantwana bakaThixo.” Yabona, baqhutywa yimizwa. Yabona, imbewu endithetha ngayo malunga nexesha eligqithileyo, laa mphefumlo wawungekho phaya into yokuqala. Wawuthanjiswe ngoMoya, kwaye wenza zonke iintlobo. Owu, wena, bona...Xa umoya wakho uthanjisiwe, unganakho...Uyinene, owenene uMoya oyiNgcwele, kodwa ungaba ungumtyholi.

260 “Owu,” uthi, “Mzalwana uBranham!”

261 Abaprofeti bobuxoki! IBhayibhile yathi, “Kwimihla yokugqibela kuyakubakho abaprofeti bobuxoki.” UYesu wathi, “Kuyakuvuka ookristu ababuxoki.” Hayi “ooYesu ababuxoki,” ngoku, akukho mntu uma ngxi ngoko; kodwa “ookristu ababuxoki.” UKristu uthetha “abathanjiswa.” Bathanjiswa ngobuxoki; bathanjisiwe, kodwa babubuxoki emazantsi alonto, kwaye benze imimangaliso emikhulu nezimanga, bathethe ngeelwimi, baxhentse bekuMoya, bashumayele iVangeli.

262 UYuda Skariyoti wayenza! USimeon...okanye hayi, ndiyaxolisa...UKhayafa waprofeta! UBhileham, umhanahanisi! Ngokuqinisekileyo, wenza yonke imiqondiso, yonke into, zonke iintshukumo zenkolo.

263 Kodwa, uyabona, ubeka imbewu yokhula nembewu yengqolowa kwibhedi enye uze ugalele amanzi ezantsi kuzo uze uzinkcenkceshele, zombini ziyakuvuya. Zombini ziyakukhula ngawo, amanzi amanye. "Ilanga likhanyisela kumalungisa nakwabangengomalungisa, kwaye invula iwela olilungisa nongelolungisa, kodwa ngeziqhamo zabo niyakubazi." Ningayeka kanjani ukungqamana neLizwi? Amen. Niyabona endithetha kona? "Amanzi awela kumalungisa nakwabangengomalungisa," abathanjiswa.

264 UYesu wathi, "Bayakuza kuM ngalamhla, bathi, 'Nkosi! Nkosi! Ndandingakhuphanga iidemoni? Andithanga ndaprofeta na? Andithanga ndenze imisebenzi emikhulu eGameni Lakho?'" UYakuthi, "Nina basebenzi bobugwenxa, mkani kuM, Andinazi nokunazi. Yiyani kwisihogo esingunaphakade esalungiselelwa umtyholi nezithunywa zakhe." Niyabona? Elinjani iLizwi! Ngobuxoki. Banqula ngelize, bazama ngelize. Kutheni usenza lonto ngelixa kungeyomfuneko ukuyenza? Kutheni uthatha into yokubambisa ngelixa iZulu lizele kokuyinene? Yabona? Akunyanzelekanga ukuba ukwenze oko.

265 Ngoku sifumana uMoses ethanjisiwe, akukho nto inokunjika. Abantakwabo bamala; oko zange kwamyekisa. Waya ngqo entlango. Kwaye ngenye imini phandle phaya, wadibana noThixo ubuso ngobuso, neNtsika yoMlilo indanda phezu kwetyholo. Yathi, "Moses, khulula izihlangu zakho, umhlaba omi kuwo uNgcwele. Ngokuba ndizivile izililo zabantu baM, kwaye ndizivile izincwino zabo, ndaza ndakhumbula isithembiso saM seLizwi. Kwaye ndehlile, ndizakuthumela uhle uye phaya ubakhuphe." Ngokuqinisekileyo. Wahlangana noThixo ubuso ngobuso, wathetha naYe. Wayeyalelwe nguThixo.

266 UThixo ubuya aze, laa Ntsika yoMlilo ikwanye, yaza yangqinela laa mprofeti ime kanye phaya entabeni; ukungqinisa ukuba kwakunjalo, xa Wathatha isandla sakhe wenza zonke iintlobo zemimangaliso nezinto. Owu, babenabalinganisi. Owu, ngokuqinisekileyo. Kwakukho uYambres noYanes, beme kanye kufutshane, benza kwa into enye abayenzayo. Kodwa yayingubani owemvelo? Yabona? Yaqala phi? Ingaba iphuma eLizwini? Ingaba yayiyiyure?

267 Kwaye ingaba uyayazi ukuba into ekwanye ithenjisiwe kwakhona kwimihla yokugqibela? "NjengoYambres noYanes bamelana noMoses, ke ayakubanjalo nalamdoda, angqiqo ziqaqadekileyo ngokubhekiselele neNyaniso." Jonga, kwimihla yokugqibela. Aze enze into ekwanye, (alinganise yonke into),

kanye onke emgxobhozweni omnye, “Thagu isiya kumgxobhozo wayo, nenja isiya kumhlanzo wayo.”

²⁶⁸ Nina bakwaMoya enithe naphumo kuyo imibutho kwiminyaka eyadlulayo naza nabaqalekisa, ooyihlo nonyoko; kwaye nijikile kanye nabuyela emva naza nenza into ekwanye abayenzayo, kwaye ngoku nje into ekwanye umgxobhozo nomhlanzo. Yabona? Ukuba yenze iBandla yalihlanza kwisigaba sangaphambili sePentekoste, iyakuyenza Iyihlanze kwakhona namlanje. Yabona? Ifanele ibe njalo, kananjalo, likhasi, ifanele ize. Inquma alinakuba lilo lodwa; ikhasi kufanele lize, yabona, isithwali. Ngoku siphila kwimhla *yokugqibela*, qaphela izinto ezithenjiselwe le yure.

²⁶⁹ Qaphela lo Moses engqinelwe. Yazi! Xa waphumayo phaya, abanye babazalwana abangabakhe bamjikela, bafuna ukwenza umbutho. Bathi, “Uzena ngathi nguwe wedwa indoda engcwele phakathi kwethu.” “Ibandla lonke lingcwele,” watsho uKorah, uDathan. “Masikhethe amadoda size senze into.”

²⁷⁰ UMoses, yena . . . Ndavelana naye. Wehla, wathi, “Nkosi . . .” Wawa phantsi phambi kwesibingelelo wathi, “Nkosi!”

²⁷¹ UThixo wathi, “Zahlule kubo. Ndonele ngayo.” Wavula nje umhlaba wabaginya. Yilonto. Yabona, wawazi umyalelo wakhe.

²⁷² UThixo akaqubisani nemibutho, Akaqubisani namaqela. Uqubisana nomntu ngamnye. Injalo. Okokoko. Hayi ngamaqela; umntu ngamnye, umntu omnye. Kwimihla yokugqibela, Wathi, “Ndimi emnyango ndinkqonkqoza, kwaye ukuba nabani . . .” (hayi “naliphi iqela”) “. . . nabani uyakuva iZwi laM, Ndiya . . . andive Mna, Ndiyakuza kuye ndidle naye.” Yabona, “Ukuba nabani unokuva.”

²⁷³ Ungathini—ungathini lomboko ngoku uvelise izwi lam phaya ngaphandleni ubewenziwe njalo? Ndingakhwaza ngaphaya kwalabhodi, ngamandla am onke, ayisayi kwenzanto. Ngokuba oku kwamiselwa, kwenziwa, kwadalwa, umboko wokuthetha. Kwaye ukuba iLizwi likaThixo likuwe ukusukela ekumiselweni kwangaphambili nguThixo, kuwe, “Ezam izimvu ziyaliva iZwi laM. Ziyayazi iyure yaM. Ongowasemzini aziyi kumlandela.” Yabona? Ifanele ibe koko kuqala. “Bonke athe uBawo wandinika Mna, bayakuza.” Bonke kubo, yabona.

²⁷⁴ Ngoku uyaqhubeka, ekupheleni kobomi apha. Wagqitha nje . . . Qwalasela xa efika esiphelweni sendlela.

²⁷⁵ Kwaye siyavala ngoku ngokuba kuba semva kwexesha, amashumi amabini anesihlanu emizuzu de ibe lishumi. Qwalasela. Ngoku, ekhaya kuselithuba. Malunga neyesibini okanye eyesithathu intsimbi siqalisa ukuthi, “Yithi, iqalisa ukuba semva kwexesha kancinci.” Yabona? Yabona? Kodwa ngoku, ndishumayela ubusuku obuninzi, bonke ubusuku.

276 UPawulos washumayela le Vangeli ikwanye ngomhla wakhe, yaza indoda eselula yawa e—eludongeni yaza yafa. Kwaye uPawulos, ekunye nalantambiso ikwanye, kunye nalaVangeli ikwanye, wabeka umzimba wakhe phezu kwayo, yabuyela ebomini kwakhona. Babenomdla. Ibandla lalibunjwa. Into ethile yayisenzeka. Qwalasela okwenzekayo apha.

277 UMoses, xa esihla . . .

278 Le ndoda isisityebi, xa isihla, okanye, umlawuli osemntsha esithethe ngaye, konke ukuba nenkolo, kwaye engowecawa nayo yonke into, elungile, efundile, olungileyo usomashishini, nayo yonke into, xa efika esiphelweni sendlela, yaqalisa ukukhala, “Akukho ndawo yokunyathela!” Iphi inkokhelo yayo? Ibikhokelwa yicawa yayo, ntoleyo ifileyo. Ibikhokelwa lihlabathi elifileyo, kwaye kwakungekho nto enokunyathela kuyo kuphela koko ihlabathi laliyilungiselele: isihogo.

279 Kodwa apha kuza uMoses, esithembekileyo isicaka esabalela ungcikivo lukaKristu njengobutyebi obukhulu kunobuncwane baseYiphutha. Weza ekupheleni kwendlela, ixhego, ikhulu elinamashumi amabini eminyaka ubudala. Wenyuka intaba, kwaye wayesazi ukuba ukufa kulele phambi kwakhe, kwaye wajonga ngaphaya kwilizwe lesithembiso. Waza wajonga; lilele phaya ecaleni kwakhe, kwakukho uMkhokeli wakhe, iLitye. Wanyathela phezu kweLitye, zaza iiNgelosi zikaThixo zamthwalela kude zamsa eLuzukweni—uZuko lukaThixo, esifubeni sikaThixo. Kutheni? Amakhulu asibhozo eminyaka kamva, wayesakhokelwa nguMkhokeli wakhe.

280 Simfumana ngaphaya kwiNtaba yoTshintsho, emile phaya no-Eliya, ethetha noYesu phambi kokuya Kwakhe emnqamlezweni, amakhulu asibhozo emva kokufa. Lowo—lowo Yena owambalelayo, ungcikivo lolungiselelo lwakhe, ubutyebi obukhulu kunayo yonke indumasi yehlabathi nayo yonke imali yehlabathi, uMkhokeli wakhe wayesamkhokela. Owu, bethu! Wayekhokelwa! UMkhokeli wakhe, Yakhokela ukunqumla ekufeni, kumathunzi okufa. Wakhokelwa engwabeni. Amakhulu eminyaka kamva, phaya wema kwakhona ngokuba, njengasebutsheni bakhe, wayekhetha inkokhelo kaMoya oyiNgcwele. Igama lakhe liyakuba likhulu xa kungasekho kwaYiphutha okanye ubuncwane. Xa ipyramids ziluthuli, naxa iYiphutha ingaseyiyo iYiphutha, uMoses uyakubangongafiyo phakathi kwabantu ngokuba wamnkela inkokhelo kaKristu endaweni yokuhamba ngenhlela yecawa yakhe.

281 Kukho abanye abenza kwa into ekwanye. Khangela ku Enoki. Wahamba noThixo emakhulwini amahlanu eminyaka, kwaza emva koko waba nobungqina bokuba “Umkholisile uThixo.” UThixo wakungqinisa oko, wathi, “Akukho sidingo sokuba ufe, nyukela nje eKhaya ngalemvakwemini.” Kwaye wenyuka.

282 No-Eliya. Emva kokungxolisa abafazi ababengabanqothulizizwele nayo yonke into, njengoko wenzayo ngomhla wakhe, ooJezebhele nokuqatyiweyo kubo, emva kokuba wadikwa kakhulu yilonto, kwaye—kwaye wenza konke anokwenza, kwaye bonke abo babingeleli behlekisa ngaye, nayo yonke into engenye, wehla waya emlanjeni ngenye imini. Kwaye nje ekunqumleni umlambo yayingamahashe ebotshelelwe etyholweni ngaphesheya phaya, inqwelo yomlilo namahashe omlilo. Wakhwela kanye kuyo, waza walahlela ingubo yakhe kumprofeti olandelayo ukuba amlandele, waza wenyukela eZulwini. Wamnkela iNkokhelo yoBomi obunguNaphakade, ngoba yayinguKristu owayeku Eliya. Owu! Ewe, mhlekazi!

283 Yayiyintoni? “Ndilandele!” Ngoku kufuneka ukhethe umkhokeli *wakho*. Kufuneka nikhethe, zihlobo. Jonga kwiiglasizikaThixo zokujonga, iBhayibhile, uze ubone apho ukhoyo ngobubusuku.

284 Ibalana elincinci. Umntwana omncinci, ngelinye ixesha, wayehlala ngaphandle emaphandleni. Wayengazange asibone isipili, kwaye waza edolophini ukuza kubona umakazi wakhe. Yena wayenekhaya . . . ezihonjiswe ngohlobo lwakudala izindlu zaziqhele ukuba nesipili emnyango; andazi nokuba niyakhumbula ngoko okanye hayi. Kodwa lenkwenkwe incinci, yayingazange yasibona isipili. Ke idlala ekujikelezini indlu, yaza yajonga e . . . “Huu?” Yajonga kwinkwenkwe encinci. Yaza yawangazelisa isandla, yaza nenkwenkwe encinci yawangazelisa isandla. Yatsala indlebe yayo, yaza nenkwenkwe encinci yatsala indlebe yayo. Kwaye ukuqhubeka ngolwahlobo. Waqhubeka wahamba, ukusondela, waza wajika wathi, “Mama! Ndim lowa!” Ndim lowa.

285 Ukhangeleka njengantoni? Ulandela ntoni? Yintoni esiyenzileyo? Kufuneka ukhethe *umkhokeli* wakho. Khetha namhlanje. Ukhetha uBomi okanye ukufa. Ukhetho lwakho luyachaza indlela yakho kaNaphakade, oko ukukhethayo. Khumbula, uYesu wathi, “Landela mna.” Kwaye umenyiwe ngobubusuku ukwenza njalo. Kwaye ukulandela Yena ukuya kuBomi obunguNaphakade kufuneka uze ngeZakhe iindlela, injalo lonto, iLizwi. Hayi phezu kwemvumo nkolo, hayi phezu kwembono yesidlangalala, hayi phezu koko nabani ongomnye akucingayo malunga naLo, kodwa koko uThixo akuthethileyo ngaLo.

286 Uthi, “Kuhle, Mzalwana uBranham, ndazi mfazi olunge kangangoko anakho, wenza *oku*. Ndazi ndoda eyakhe yadlula *koku*.”

287 Andinakunceda oko bakwenzayo. ILizwi likaThixo, Wathi, “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, elaM libe yiNyaniso.” Kufanele uze ngendlela Yakhe, yiza ngemiqathango Yakhe, iLizwi. Akunakuza ngemvumo nkolo. Akunakuza

ngehlelo. Akunakulixuba Lona ngalohlobo. Kukho kuphela inye into onokuyenza: yamnkele Yona ngemiqathango Yakhe, okokuba ukulungele ukufa kuwe nakuzo zonke iingcinga zakho, uze ulandele Yena. “Yeka zonke izinto zehlabathi, uze ulandele Mna.”

²⁸⁸ Ndiyazi oko kurhabaxa, uMyalezo osikayo, mzalwana. Kodwa andizanga apha kwaye ndikhethele abantu u—umyalezo nje ukuzama ukubenza bacule, bakhwaze, bangxole. Ndibe kwiintlangano zabahedeni apho benze into ekwanye. Ndinomdla kubomi benu. Ndisisicaka sikaThixo esifanele siphendule kuThixo ngenye imini, kwaye ulungiselelo ethe iNkosi yandinika lona luzingqinele ngokwalo amawaka amatyeli phambi kwenu.

²⁸⁹ Khumbula, uYesu wathi, “Landela Mna. Landela Mna. Lahla oko unako, uze ulandele Mna.” Kwaye leyo kuphela kwendlela yokuba noBomi obunguNaphakade. Elo kuphela kwechiza Awalinika le ndoda, yayikukuphela kwechiza Awanika losomashishini, kuphela kwechiza Alinika nabani. Ukhetho lwakhe, Wenza Esakhe isigqibo, sigqibelele lonke ixesha. Kwaye kufuneka simlandele Yena, kuphela kwendlela yokuba noBomi obunguNaphakade. Ke inkokhelo kaThixo yile: landela elityhiliweyo iLizwi leyure ngoMoya oyiNgcwele.

Masithobise iintloko zethu.

²⁹⁰ Ndizakunibuza umbuzo, kwaye ndifuna ninyaniseke kakhulu. Ndifuna udade andidlalele oku, *Ndiyamva UMsindisi Wam Ebiza*. Ndiyazi lubizo oludala lwesiguqo. Kwaye mzalwana, dade, njengoko sibona, jonga nje okwenzekayo namhlanje. Ngoku ngeentloko zenu ziqutyudiwe, cinga nje okomzuzu, jonga okwenzekayo.

²⁹¹ Ingaba ulifundile iphephandaba kwiveki ephelileyo ethe laa ndoda eNgilane yakuthetha? Okokuba “Ubethelelo lukaYesu Kristu lwaluyinto engekho, yayilungisiwe phakathi koPilato naYe.”

²⁹² Nikubonile lomMelika wemfundo ngezenkolo awakuthethayo? Watsho ukuba “UYesu walaliswa nje ngokhula lwemandrake.” Ezininzi kuni izifundiswa kwezenkolo ziyazi, emva phaya kwiGenesis apho ithetha ngokhulu lwemandrake. Iyakukulalisa njengathi ufile, intliziyo yakho ngathi ayibethi malunga neentsuku ezimbini okanye ezintathu ngexesha. “Kwaye xa bamnika Yena iviniga enenyongo,” bathi, “leyo yayiyincambu yemandrake. Baza bambeka phaya phezulu engwabeni, waza Walala phezulu phaya kangangeentsuku ezintathu. Kwaye, kakade, xa benyuka baya phaya, bamfumana Yena ezulazula.” Ingaba ungafane ucinge oko? Izifundiswa zenkolo, abezakwalizwi, amakholwa okuzenzisa. Ngoko kungakanani ehlabathini... Into yokuqala, iBhayibhile ithe Wayala, xa bayibeka iviniga enenyongo emlonyeni Wakhe.

293 Kwaye enye into, ukuba oko kunjalo, ngoko kutheni abo bafundi bakhe “abeza bamba bemka naYe,” kutheni banikela ubomi babo ekufeleni inkolo ngenxa Yakhe? Baza bawa, bazibalele bona ekubeni bengafanelanga kwa ukufaneleka ukufa njengohlobo Awafa ngalo; babajika babajongisa intloko ezantsi nasemacaleni emnqamlezweni nezinto. Kwaye ukuba ba...bazi ukuba Wayengumhanahanisi kwaye bona iziqu zabo bengabahanahanisi, babenokubunikela njani ubomi babo ngenxa Yakhe ngolwahlobo?

294 Owu, niyabona, bobu bukrelekrele bomhla esiphila kuwo. Imfundo, impucuko, kunye nomrhiba walemihla, konke kokukamtyholi. “Impucuko kamtyholi?” Ewe, mhlekazi! IBhayibhile ithe iyiyi. Impucuko inokufa. “Siyakuba nempucuko enjengale kwelinye ilizwe?” Hayi, mhlekazi! Siyakuba nolwahlukileyo uhlobo lwempucuko. Imfundo, zonke ezi zinto, zezikamtyholi; inzululwazi zigqwetha izinto zendalo, zenza into engenye.

295 Jonga into abayenzileyo kuni ngoku. Xa amanenekazi amancinci... *IReader's Digest* yatsho, iveki kamva...inyanga phambi kwale iphelileyo, ndiyakholwa ibiyiyi. *IReader's Digest* yatsho ukuba “Amadoda asematsha nabafazi abasebatsha ayakumbindi budala, umfazi ayeke ukuya exesheni malunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala.” Esinye ngaphezulu isizukulwana, asiyi kuba nto kuphela...Iyakuba mbi kakhulu ukujongeka. Yabona? Into izidalwa eziya kuba yiyo, ukuthamba, ubucangathi. Jonga e—jonga emoyeni, jonga indlela umoya ecaweni okhoyo, umxube, itshatiswe nehlabathi. Owu, enjani iyure! Balekani, bantwana! Balekani! Balekelani eMnqamlezweni! Yizani kuKristu, makanikhokele Yena.

296 Ngelixa siqubude iintloko zethu, amehlo ethu evaliwe, kwaye nceda qubuda intliziyo yakho, ngexesha elinye. Ungakwenza oko? Ndifuna ukunibuza umbuzo. Ingaba nijonga eziqhwini zenu ngenene, kuThixo? Kwaye ingaba niyeva ukuba anikho apho ni—nifanele nibekho kuyo le yure? Kuba uXhwilo lungeza nangaliphi ixesha. Yabona, luyakuza.

297 Kuyakubakho kuphela, ukuba—ukuba laa ntetho ndiyenze ngethuba eligqithileyo inyanisile, kuyakubakho malunga nesihlanu samawaka sabantu kuXhwilo, abaphilayo, bayakuguqulwa. Kutheni, kuthathe kuhlangukelele onke amaKristu, iKatolika kunye nabo bonke, kukho kuphela izigidi ezihlanu zabantu, yabona, ezibanga ubuKristu. Kwaye omnye kwisigidi, ibe ngamakhulu amahlanu abantu. Nabo ababantu baninzi belahleka mihla yonke, kwihlabathi lonke, esingenabo ukubachaza baphi. Yabona, iyakuza, kwaye akuyi nkqu kuyazi. Abantu bayakuqhubeka beshumayela, besithi... Yabona, kwaye konke kuyakuba kugqithile.

298 NjengoYesu watshoyo. Bathi, abafundi bathi, “Kutheni bathe ababhali, bathi, ‘U-Eliya kumele eze kuqala?’”

299 Wathi, “Selefikile kwaye animazanga, kodwa benza kuye oko bathi bayakukwenza.”

300 Niyazi ukuba anilunganga kuThixo, kwaye ungathanda ukukhunjulwa e...kuThixo, ukuba uThixo uyakukhulula intliziyo yakho ilunge kuThixo. Ingaba ungazithoba ngoku, kuyo kanye le yure izolileyo, phakamisa izandla zakho? Andikhathali ungubani, ingaba ungayenza? Uthi, “Ndiyakuphakamisela izandla zam kuThixo.” UThixo akusikelele. UThixo akusikelele.

301 Ingaba ujonge eSipilini? Ndinibuza eGameni likaKristu, ingaba nijonge eSipilini sikaThixo? [Umzalwana uyathetha ngelinye ulwimi. Umzalwana unika utoliko—Mhl.] Amen.

302 Ndifuna ukunibuza into ibenye. Bangaphi apha abangabakwaMoya? Phakamisa isandla sakho, abakwaMoya. Ngokubonakaliyo nonke ngamnye kuni. Ngoku, bangaphi apha ababanga ukuba bangamaKristu? Phakamisani izandla zenu, naphi apho nikhoyo, enibanga ukuba ngamaKristu. Ingaba benisazi iBhayibhile ithethile ngoku, ukuba oku kuyakwenzeka?

303 Kwa noku kwenzeka kwiTestamente Endala xa babengazi ababeyakukwenza, indlela ababezakusinda ngayo kungqongo lohlaselo olwalusiza. UMoya wawela phezu kwendoda yaza yaprofetha yaza yabaxelela apho mabahlangane notshaba, nokuba njani, emabaloyise ngalo utshaba. Leyo yayiyiTestamente Endala, ikwanye njengakweNtsha.

304 Ngoku, othile angathi, “Laa ndoda, owu, yayingenjalo.” Kodwa kungathi ukuba yayinjalo? Uthi, “Owu, ndikuvile oko ngaphambili.” Kodwa kungathini ukuba *oku* kunjalo? Uyabona, oko kungqinisisa ngeloxesha ukuba khona pha kukho abaninzi abadinga ukuguqulwa kwintliziyo, ukuba oko nguMoya oyiNgcwele uthetha. Kukho izinto ekufuneka zenziwe, ke ngoku ikuni.

Njengoko ndinjalo, ngaphandle kwesicengo,
Kodwa okokuba iGazi Lakho laphalazelwa
mna,
Kwaye ukuba Wena uyabiza . . .

Yilonto, Ukubizile kanye ngeloxesha.

. . .kuWe,
Owu Mvana kaThixo, . . .

“Ndiyakususa intliziyo enenkani, ndibeke intliziyo yenyama kuyo, eyakuthobela kuM.” Yabona?

. . .ndiyeza!
Njengoko ndinjalo, Wena uyakwamnkela,
Uya . . .

Ungenza ukhetho lwakho ngobubusuku? Ungenza enye yazo ofuna ukuyenza.

. . . ndicoce.

Uthi, “Ndikuvile oko ngaphambili.” Kodwa oku kungaba lixesha lakho *lokugqibela* ukuba uLive.

Ngokuba isithembiso Sakho ndiyasikholelwa,

Oludala uhlobo lokubiza isiguqo, baphelelwe zindlela namhlanje, kodwa uThixo usangena kubo. Akuyiva na ngokuvakalelwa Isiza kuwe, bandla?

. . . ndiyeza!

³⁰⁵ [UMzalwana uBranham uyaqalisa ukungqumshela *Nje Ngokuba Ndinjalo*—Mhl.] Owu, cinga, namhlanje, iintliziyo ziba lilitye, zizele lihlabathi, ukungaguquki, amalungu ecawa, badikidiki, njengesasityebi, somlawuli osemntsha; kwaye bengazi ukuba omkhulu uMoya oyiNgcwele umile, enkqonkqoza emnyango kwesiSigaba saseLawodike. “Lowo othi alive iZwi Lam (iLizwi), avule intliziyo yakhe, Ndiyakuza ndingene kuye ndize ndidle naye.”

³⁰⁶ Kwaye uMoya uthetha ngalo mzalwana kwimizuzu embalwa egqithileyo, uthe, “Ndiyakuthatha laa ntliziyo yelitye ndiyikhuphe kuni, ndininike intliziyo yenyama, ethambeke uThixo.” Jonga indlela ebe ngayo ngoku, nje u—ubukrelekrele, imizwa. Yabona? Hayi intliziyo ethambileyo izele luthando nobumnandi kuKristu.

³⁰⁷ [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela iculo—Mhl.] Akulufuni olwahlobo lwentliziyo? Uzakujongana njani noKristu ngoqulunqo lobukrelekrele ngaYe? Kufanele wamnkele uBomi obunguNaphakade.

. . . laphalazwa . . .

Ulungiselelo lwenziwa ngeGazi.

Kwaye kuba Wena ubiza . . .

Yintoni Awayenzayo? Waphalaza iGazi Lakhe. Kwaye ngoku ebiza wena, “Yiza.”

. . . kuWe,

Owu Mvana kaThixo, ndiyeza! Ndiyeza!

³⁰⁸ Masithi, ngamnye baKristu, nje siphakamise izandla zethu ngokuzolileyo ngoku sithandaze.

³⁰⁹ Owu Thixo, nceda, Nkosi, bamba le mini esiphila kuyo. Owu, inzima kakhulu, Bawo. USathana wenze nje kakhulu ebantwini. Intliziyo zabo zibe ngamatye. UMoya Wakho uthetha nje phandle; iLizwi Lakho liphume laza, lingqina; kodwa awohlobo lwakudala, okuzalwa ngokutsha amava, baya . . . iya isiba bubhlelo, uqulunqo lobukrelekrele, umculo omninzi, ingxolo eninzi, nokuninzi ukuqhubeka. Kodwa, inene, laa

ntliziyo yenyama, laa Moya, obuya Bomi bunguNaphakade, Bube ngenene yinto engaqhelekanga ebandleni.

³¹⁰ Thixo, oko kwaphula intliziyo yam, nam u—umoni osindiswe ngenceba Yakho. Indenze ndizive kakubi kakhulu, Bawo, ukubona ibandla Owalifelayo, ibandla Ozama ukulihlangula. Ndingcinga ngombono Osandula kundinika wona malunga nela bandla lase United States kunye namanye amazwe. Enjani ukujongeka kakubi umhlubi werock-and-roll elalinguye. Kodwa ndaweni ithile ethubeni ndabona kusiza phambili omnye, esikelelwe.

³¹¹ Ndiyathandaza, Bawo, okokuba ukuba nawuphi kwaba apha ngobubusuku abanyulelwa eBomini, okanye ongathanda ukwamnkelwa Bona, ukuba lena iyakuba yiyure abayakuyenza ngayo. Siphe, Nkosi. Yaphula intliziyo elilitye ngoku, endala intliziyo yehlabathi. Kwaye ukuba bafuna uxolo, bafuna into eyanelisayo, into enika ingqiniseko, banga bangamnkela inkokhelo kaKristu ngobubusuku ukubakhokelela bona kulo u—uXolo olugqitha konke ukuqonda, uVuyo olungathethekiyo luzele luzuko, okanye nkqu into ethile okunokuthi ukufa ngokwako kungayivisi buhlungu. Siphe, Bawo.

³¹² Ngoku, ngezandla zethu phezulu, andazi nokuba... Bangaphi kwesi sakhiwo ngoku abanokuthi, “Ndizakuma.” Ngoku, andikhathali ngubani ohleli ecaleni kwakho; NguThixo ethetha nawe. Kwaye ufuna ngenene ukuba ngumKristu. Yabona? Nantoni iya...Ngaphandleni kokulinganisa; owu, ndingafane nje ndiye ngaphandle ndize ndibe sehlabathini. Ndiyakholwa uyakuyenza, nawe.

³¹³ Ngoku, zixilonge ngeLizwi, ngoMyalezo. Zixilonge yintoni umKristu wenene afanele ukuba yiyo: ongqwabalala, onothando, hayi enye yobanamhlanje ubuKristu. Kutheni, ithambile, bulula, ngathi ifile, bubolile, ibuxutywa. Yabona, asibobuKristu benene; uphile naluphi uhlobo lwendlela, ubengowecawe. Anifuni obuya bumnandi ubudlelwane kunye noKristu, uMoya oyiNgewele, enithe na...ukululamela kwintliziyo yakho eLizwini, nyukela phezulu kanye kuKristu? Ukuba ufuna oko, kwaye unqwenela uThixo abone isigqibo sakho ngobubusuku kanye kweli qela labantu, ukuba uyakuyenza nje.

³¹⁴ Uthi, “Ingaba okuya kuyakuthetha kwanto, Mzalwana uBranham?”

³¹⁵ Owu, ewe. Ngokuqinisekileyo, iyayenza. “Ukuba uneentloni ngaM phambi kwabantu, ndiyakubanentloni ngawe phambi koBawo waM neziThunywa ezingewele. Kodwa lowo uyakundivuma Mna aze amele Mna kulo mhlaba, ndiyakummela kulaa Mhlaba. Ndiyakumvuma phambi koBawo waM.”

³¹⁶ Ngoku, akuthaliseki ungubani, mfazi, ndoda, nkwenkwe, ntombi, nokuba ngubani, umKristu okanye ongenguye

umKristu, umlungiseleli, idikoni, nokuba ungubani, ukuba nje uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke, okomzuzu nje, uze wenze oku kungaka ngobubusuku ukuvumela uThixo azi ukuba unyanisekile. “Thixo. . .”

³¹⁷ “Ngoku jonga, ndingowakwaMoya,” nitsho. “Ndikoku,” okanye nantoni eniyiyo. “Ndivuma ukuxhentsa ndikuMoya. Kodwa, Mzalwana uBranham, bencinga okoko nje sinako okuya, sinaBo.” Aninabo.

³¹⁸ Ukuba niyandikholwa ukuba ndingumprofeti kaThixo, niphulaphula aMazwi am. Yabona? Oko lulukuhlo kulo mhla. Ayitshongo na iBhayibhile ukuthi, “Iyakusondelelana kakhulu ukuba ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka?” *Abanyuliweyo*, “ukuhla ukuya emphefumleni.”

³¹⁹ Kodwa ukuba uxhentse ukuMoya, futhi usenezinto zehlabathi, kukho into engalunganga. Ukuba uthetha ngeelwimi; uPawulosi wathi, “Ndingathetha ngeelwimi zabantu nezeengelosi, kodwa noko ndingasindiswa.” Uh-huh, zombini iintlobo, yabona. “Ndingenza yonke imizwa, ndinganalo ukhoho, ndingashumayela iVangeli, ndinganikeza ngeempahla zam zonke ukuze ndondle amahlwempu, ndingasa iLizwi kwimihlaba yobumishinari ngaphaya kwe. . . kwaye futhi ndingento.” Yabona? Leliya Ngaphakathi lengaphakathi, mzalwana. Eliya. . . Umoya wakho uyaphuka xa usifa, uyemka, kodwa umphefumlo uyaphila. Yabona?

³²⁰ Ngoku jonga kuwe. Ngenene, ungumKristu wenene weBhayibhile, uzele luthando lukaThixo? Uyakhumbula, iBhayibhile ithe, kwimihla yokugqibela xa eli xesha lisenzeka, Wathi, “Ingelosi ephawulayo yacanda amabandla, yacanda izixeko, yatywina *kuphela* abo babencwina belila ngenxa yamasikizi enziwa esixekweni.” Ingaba injalo? Hezekile 9, siyazi ukuba leyo yiNyaniso. Ingelosi ephawulayo yaphuma yabeka uPhawu kwintloko yabo, ebunzi, yabatywina, “Abo babencwina belila.”

³²¹ Emva koko kwaphuma iingelosi ezixabelayo zisuka kwimbombo zone zomhlaba, ntolezo ezayo kanye ngqo, siyayibona isiza, iimfazwe zingena eziyakubulala umhlaba wonke uphele. Kwakungekho nto ezazingenakho ukungayichukumisi kuphela abo banoPhawu.

³²² Ngoku chola. . . Ingaba intliziyo yakho ixhalabile kakhulu malunga naboni, kunye nendlela ezithe iicawa nabantu abenza ngayo, de uncwine ulile malunga nayo imini nobusuku? Ukuba akunjalo, ndiyamangala. Eso siSibhalo.

³²³ Ingaba uyakuma nje uthi, “Thixo Othandekayo, andimanga ngokuba uMzalwana uBranham etsho njalo, kodwa ndive iLizwi Lakhe lisitsho *oko*, kwaye ndizakuyenza *lento*. KuWe, Nkosi, ndiyema. Ndinesidingo, Nkosi. UngaNdinika isidingo sam ngobubusuku apha kule ndawo? Ndiyema.” UThixo akusikelele.

UThixo akusikelele. “Ndinesidingo, ndifuna Wena ube nenceba phezu kwam.” UThixo akusikelele. “Ndifuna ukuba luhlobo lomKristu o . . .”

³²⁴ Ngoku, khumbula, umntu ome ecaleni kwakho uyinto ekwanye oyiyo. Ndifuna nje wolulele ngaphaya uze ubambe isandla sabo, uthi, “Mzalwana, dade, ndithandazele ngoku. Ndifuna undithandazele. Ndi—ndi . . .” Yithi nje ngako konke ukunyaniseka kobuKristu, “Ndithandazele. Ndiya . . . ndi—ndi—ndifuna ukulungela uThixo. Ndithandazele, ndizakuthandaza ukuba uThixo akunike ithuba.”

³²⁵ Ndi—ndiyazi ukuba si . . . asinakuhlala apha kade kakhulu; uyakubona okuya. Si—sisekupheleni kwexesha. Bonke abakuholelwayo oko, yithani, “Amen.” [IBandla lithi, “Amen!”—Mhl.] Si . . . Akukhonto iseleyo. Yonke into iphelile. Iicawa zisiwa kwiqumrhu likaNkonzo-zonke. Ihlabathi, lona . . .

³²⁶ Jonga apha! Uyazi oko iNkosi yakuthethayo malunga neLos Angelos kunye nezi ndawo apha? “Iphelile!” Niyakhumbula endanixelela kona, malunga neminyaka emibini eyagqithayo, indlela olwanyikimo luyakuza ngalo eCanada phezulu apha, e-Alaska? Kananjalo ndiyanixelela ukuba “IHollywood neLos Angelos iyibilikela elwandle. California, ugwetyiwe! Hayi kuphela iCalifornia; kodwa wena, hlabathi, ugwetyiwe! Bandla, ngaphandle kokuba uzilungisele uThixo, ugwetyiwe!” UTSHO UMOYA OYINGCWELE!

³²⁷ Nakhe nandiva ndisebenzisa elaGama ngaphandleni iyenzeka? Buza nina! Nindazile amashumi amabini eminyaka. Ndakhe ndanixelela nantoni na eGameni leNkosi ngaphandle koko kwenzekayo? Ukuba nantoni na endakhe ndanixelela yona iyakwenzeka, yenzeka, yithini “Amen.” [IBandla lithi, “Amen!”—Mhl.] Yabona? Ndiyanixelela, ngoku yiyure, kungecono silunge, sonke.

Ngoku makathi wonke ubani athandazele omnye:

³²⁸ Thixo othandekayo, njengoko simile apha ngobubusuku, abantu abafayo, ubuso bethu bujikelwe emhlabeni, kuthuli. Nje si . . . Usinike lena inqunqayo intshumayelo, Nkosi. Sibona umzekelo wamadoda amabini. Enye yawo, ekubeni iyindoda yenkolo, yaya ecaweni kodwa yala inkokhelo yoBomi obunguNaphakade. Yaza enye yala indumasi yehlabathi *yajikela* kuBomi obunguNaphakade. Kwaye sibona zombini iimeko zawo ngobubusuku, ngokweBhayibhile: indoda esisityebi esikuthuthunjelweni, kwaye uMoses useLuzukweni.

³²⁹ Bawo, sifuna ukuba njengoMoses. Sifuna ukukhokelwa nguNyana Wakho oNgcwele, uYesu Kristu, asise kuBomi obunguNaphakade. Siphe Oko ezintliziyweni zethu ngobubusuku, Nkosi. Krazula endala intliziyo yelitye; beka kuthi intliziyo entsha, intliziyo yenyama, intliziyo Onokuthetha nayo nonokuqubusana nayo, kwaye asisayi kukhukhumala

okanye sahluke. Wanga uMoya oyiNgcwele ungangaze usishiye, Nkosi. Wanga Ungeza uthambise aba bantu. Thetha nabo; krazula iintando zabo ezililitye, uze ubeke intando kaThixo. Sindisa wonke ubani, Bawo. Sinike Olwakho uthando. Sifikise kwindawo, Nkosi, esiya kusuka kuyo yonke—indawo yemizwa, ukuya kweyenene eyomeleleyo indawo yemvakalelo. . . evakala entliziyweni indawo, ubunzulu bukaMoya, ubutyebi bukaThixo, ubuKumkani bukaMoya ezintliziyweni zethu. Siphe, Owu Mkhokeli Omkhulu, Moya oyiNgcwele omkhulu, phambi kokuba Wena ubhabhele ezibhakabhakeni kunye neBandla Lakho.

³³⁰ Owu Thixo, mandihambe, Nkosi. Sukundishiya ngasemva, Yesu. Mandihambe naWe, Bawo. Andifuni kuhlala apha kulomhlaba ndibukele ezimbandezelo zisiza. Andifuni kuhlala apha kulempambano. Andifuni kuma apha xa ezimanyumnyezi zibonakala. . . abantu bephulukana nengqondo yabo. Sibona abantu bezama ukwenza njengezilwanyana nokukhangeleka njengezilwanyana; nabafazi bezama ukukhangeleka njengezilwanyana, kunye neziqabi ebusweni babo. Sisazi ukuba ezi zinto ziqikelelwe ukuba zenzeke, okokuba into iyakwenzeka, bayakuphambana de iinkumbi zinyuke zineenwele njengabafazi zingcungcuthekise abafazi; amazinyo njengeengonyama, kunye nezinto Ozithethileyo, imeko yengqondo yabantu iyakuphela tu. Siyayibona isenzeka kanye ngoku, Nkosi. Sincede! Sibuyisele emva kwinqondo ephilileyo kaKristu uYesu iNkosi yethu.

³³¹ Owu Mkhokeli Omkhulu woBomi obunguNaphakade, samnkela isithembiso sakho ngobubusku, Bawo. Ndiyabacelela aba bantu. Ndicelela wonke ngamnye kubo, eGameni likaYesu Kristu, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba uKristu uNyana kaThixo uyakuza ezintliziyweni zethu wonke ubani kuthi, Nkosi, uze usibumbe usenze sibe zizidalwa ezitsha kuYesu Kristu. Siphe oko, Nkosi Thixo.

³³² Siyakuthanda Wena. Kwaye sifuna okusithi. . .inguquko yethu ize kuthi, ukuze sibenokuba ngabantwana Bakho, sivakalelwa nguMoya Wakho ugena ezintliziyweni zethu, Nkosi, usinika kwaye usizisa ekuqondeni esi sigaba siphambeneyo esiphila kuso. Siphe oko, Thixo. Xa sibona abafazi abasebatsha indlela ababambeke ngayo ngumnweba womtyholi, abafana abasebatsha, begqwetheke ingqiqo, abantwana, abayotywa, abatshayi mdiza, ukusela, ukungabi nasimilo, i-Edeni kaSathana.

³³³ Thixo, yakuthatha Wena amawaka amathandathu, ngokweBhayibhile, ukwakha i-Eden. Kwaye Ubeke unyana Wakho kunye nomfazi wakhe khona phaya (umtshakazi wakhe), ukuba alawule phezu kwayo. Waza uSathana waya phaya wayigqwetha; unamawaka amathandathu eminyaka, kwaye wakhe eyakhe yobukrelekrele i-Eden ngenzuluwazi,

kunye nemfundo, nofanakaloku wobungqondo-ngqondo, kwaye uyakhele yayakufika kwimbutyulelo yokufa.

³³⁴ Owu Thixo, siphindisele e-Eden kwakhona, Nkosi, apho khona kungekho kufa, apho kungekho ntsizi. Siphe, Nkosi. Sime ngokuzithoba, silindele u-Adam wesibini ukuba aze kuMtshakazi Wakhe. Asenze sibe yinxalenye yaKhe, Bawo. Siyathandaza kwelikaYesu iGama. Amen.

³³⁵ Niyamthanda uThixo? Ningamva ngemvakalelo... Niyaqonda oko ndizama ukunixeleva? Ukuba ningaqonda, phakamisani nje izandla zenu, nithi, “Ndiyaqonda oko uzama ukusixeleva.” Ningabona impambano yesi sigaba? Jonga indlela elimke ngayo, akukho kuqika phakathi kwabantu tu. Limkile! Iphi ethu...? Nkqu nabakhokeli.

³³⁶ Jonga kuMongameli wethu! “Ukuba bafuna ubuKomanisi, mababufumane. Nantoni na abantu abayifunayo, mabayifumane.” Uphi uPatrick Henry wethu, uGeorge Washington wethu? Baphi abakhokeli bethu abanokumela umqathango? Asisenabo tu.

³³⁷ Ziphi icawa zethu, abalungiseleli bethu? Babathathela nje ukubagcina, okanye ngena ngaphakathi, joyina icawa wenze *oku* okanye ube nothakazelelo oluncinci okanye into ethile. Aphi loo madoda kaThixo, abo baprofeti ababesima bade baphikise, badele zonke izinto zehlabathi?

³³⁸ Aphi loo madoda entlonipheko? Aphi? Bathambe kakhulu, kwaye ngoqulunqo lobukrelekrele nezinto, de bangabikho apha tu. Owu Thixo, yiba nenceba phezu kwethu.

³³⁹ Ezi zimasikizi imbonakalo eziza phezu komhlaba. Ningabona indlela abantu abaya ngayo kulo. Yimpambano. Kodwa xa lanto ithwaxa, iBandla liyakube limnkile.

³⁴⁰ Thixo, senze sibe phaya. Lowo ngumthandazo wam kweSingaphezu Kwendalo isiqu esikwesisakhiwo ngobubusuku, uKristu omkhulu osenoBomi obunguNaphakade. Ndiyathandaza kuWe, uKristu, njengoko ndilapha namehlo am evulekile, ndijonge ebandleni othe Walihlangula ngeGazi Lakho. Thixo, sukuvumela omnye wethu alahleke. Sifuna ukulungela Wena. Ke sicoce, Owu, Nkosi, kuzo zonke izikrelo zethu. Susa izono zethu nezinto.

³⁴¹ Sikubonile Uphilisa izigulana zethu, nkqu nokuvusa abafuleyo (bebuyela ebomini ngomthandazo), kwaye sibone zonke ezi zinto zisenzeka, Bawo. Ngoku sibuyisele eBomini, ngokomoya; sibuyisele ekuqondeni uBomi obunguNaphakade ngoKristu uYesu. Siphe oku, Bawo. Ndinikela konke kuWe. EGameni likaYesu Kristu.

Side sibuye sihlangane! side sibuye
sihlangane!

Side sibuye sihlangane ezinyaweni zikaYesu;
Side sibuye sihlangane!

Jonga kuYe. Yena makasenze sithambe.

. . .sihlangane!

UThixo abenani side sibuye sihlangane
kwakhona!

³⁴² Siphakamise izandla zethu ngoku:

Side sibuye sihlangane! side sibuye
sihlangane!

Mzalwana uSalano, nabani olandelayo. [Othile uthi, “Enye into engenye?”—Mhl.] Hayi. UThixo akusikelele.



INKOKHELO XHO65-1207
(Leadership)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngokuhlwa ngoLwesibini, ngoDisemba we-7, 1965, eCovina Bowl eCovina, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org